## ISINIKEZELO

Le ncwadi ndiyinikezela kudade wethu uNkosazana Angelina Nomva Mama, obengumkhuthazi wam kuwo onke amalinga am okubhala.

## ISALATHISO


Iphepha

Intshayelelo .... i
Ukwazisa .... iii

ABABHALI NEMIHOBE YABO

G. Soya Mama:

Olwam ubizo .... 1
Isibane esicimayo .... 2
Ngaba ngenene sewafa na? .... 3
Usana olunguwe .... 5
Umbongo ongagqitywanga .... 6
Ingcwaba elivulekileyo .... 7
Isikhumbuzo seminyaka emashumi mathandathu .... 8

Mfu. J. R. Jolobe, B.A.:

Ikhaya .... 10
Umlambo .... 11
Umhlobo .... 11
Umongikazi .... 12
Izothuso zehlabathi .... 14
Umnyaka wama-2000 .... 15
Undwendwe lwakomkhulu .... 16
Idini elithozamileyo .... 20

Adolphus Z. T. Mbebe:

Khulani makwedini nivela emsini .... 22
Inyanga .... 23
Thetha kakuhle .... 24
Izibongo zengcaphephe uMnu. D. D. T. Jabavu .... 26
Ngomfi S. E. Krune Mqhayi .... 27
Aa! Ngqang' ezizwe! .... 29
IKresmesi .... 30
Izibongo zikaLangalibalele .... 30

Fezile B. Teka:

Ndikumangalele .... 35
Maqwanya! .... 38
Ndiya kuzoyisa .... 39
Ndakufika khona .... 39
Nkumbulo undixakile .... 40
UNobomi .... 42
Asiyondyebo nonyaka! .... 44
Dumisani uSomaphakade .... 45

Nksz. Minazana Dana:


Isidima .... 48
Abahlobo abalungileyo .... 50
Sebenza kusakhanya .... 51
Uthando .... 51
Ukuvuna .... 53
Ithemba .... 54
Umsindo .... 55
Impumelelo .... 55
Ubuhle bendalo .... 56
Ulonwabo .... 57


Mfu. J. Page Yako:


Aa! Nobantu! .... 60
Ngemini yokutyhilwa kwelitye likaMqhayi .... 63
Imini yesikhumbuzo samaMfengu .... 71
Ingangalala ibekwe isitshaba .... 76
Ukumka komnyaka we-1941 .... 79
Ezenkxola-zwe .... 81
Isimbambazelelo .... 87
Apho eGolgota .... 91
Imvula .... 95
Isitiya semifuno .... 96


S. E. K. Mqhayi:


A! Ngangegunya! .... 110

## INTSHAYELELO

Nokuba imvela-phi yoluntu isukela kuAdam, nokuba isukela kungcelele lwendalo ukususela kwizinambuzane ezincinane ezingenakubonwa ngaso, kude kuze kuthi ga ngomntu, eyenye yeenyaniso esizifundayo ngoluntu kukuba zonke izizwe neentlanga, ukususela kwezona zisebumnyameni kude kuze kuthi ga ngezo zingatshonelwa langa, zonke ezi zizwe neentlanga zineembongi zazo. Kuzo zonke izizwe imbongi ibingumntu onexabiso, kuba kaloku ibifana nesithunywa sezulu ukuza kubonisa uluntu ubuhle bendalo. Ke ngako oko ke kwamhla mnene imbongi yafaniswa nemboni, kuba ngamandla ayo okuba nakho ukubona ubuhle nenyaniso kwizinto-yinto zendalo, yaba nakho ukulunyusela uluntu kwilizwe lobuhle nenyaniso. Ke ngako oko ke imbongi ikwafana nombingeleli; kuba okufundileyo ukukwazi ukubona ubuhle nakuyiphi na into lowo uyayazi inyaniso.

Kanti ke nangaphezu koku le nto iyinyaniso ngamanye amaxa ayamkeleki ebantwini, ngakumbi xa ithunukayo. Xa kunje ke, ukuze ibe nakho ukwamkeleka ifuna ukunongwa ngawona mazwi anencasa. Iimbongi ke ngabo abo bathi besiphulula kanti bayasixathula. Basixathula kanti bayasiphulula — konke oku ngenxa yenyaniso nobuhle, sitsho nathi siyithande loo nto,

kuba kaloku ithethwa ngamazwi anencasa. Ngamandla entetho ke lawo — kuba kaloku ngala mandla umntu unakho ukubenza abanye bakholwe ukuba isihogo lizulu.

Ngokwenje nje ke mawethu zinkedama zikaPhalo nani baMbo ndiyatshayelela — nditshayelela inDyebo kaXhosa — indyebo yamazwi neengcamango ezizele bubuhle nenyaniso — indyebo ngezi mini zokulambatha kwezomphefumlo nezenyama; enye yeentsika kubaakhi besizwe ngexesha amaAfrika aziindwayinge, iinto ezingenakhaya. Eyona njongo yezi zibongo kukuvula amehlo omphefumlo kwabo bangabuboniyo ubuhle bendalo. Kanti ke isekwayinjongo yazo ukunika ithemba kwabo badangeleyo; ukuthuthuzela abo bangqongwe ziingxaki neengxingongo zobu bom, nokuchwayithisa abo badakumbileyo. Ke kaloku ke le ndyebo, yindyebo ekwafana neyeza, kuba ivuselela inkcenkceshela imiphefumlo edakumbileyo ngamazwi anesongo akhobela uluntu ebuhleni nasezinyanisweni zendalo.

Kanti ke noko kunjalo yinyaniso epheleleyo ukuba umntu ngumntu ngomnye umntu, kwaye kungekho nzwana ingenasiphako. Xa nditshoyo ndithetha ukuthi ababhali bale ncwadi ngabantu abafana nabanye abantu, ekunokwenzeka ukuthi ngamanye amaxesha iingqondo zabo zimke neenkolelo kubizo lwabo, batsho bawaphose awona mandla entetho — amazwi atsolileyo anesongo. Kungaba luvuyo olukhulu kum ngenxa yeAfrika emnyama ukubona nokuba abafundisi nabalungiseleli, umlisela nomthinjana, abakhulu nabancinane abasenomganyana kule ntaba kaLwazi, nabo basaluqalayo olu hambo bencoma bekhetha amadlala ngokubhekiselele kwezi zibongo, kuba ngokwenje njalo baya kuba bancedisana neembongi ezi ukuba ziqonde ukuba ukulu-

vuma ubizo lwazo zithabathele kuzo ubutyala bokugcina isitya esi-ethe-ethe sesizwe — intetho, sisulungekile. Kaloku oyena mfundisi mkhulu ngamava. Ngako oko ke ezi mbongi ziya kuvuyiseka kakhulu ukuva ukunconywa nokugxekwa nini zinkedama zikaPhalo. Mhlawumbi omnye angathi kule "Ndyebo" kukwakho nomdlungu. Ithi impendulo yam kulowo "Ngxatsho ke. Kakade yinto eqhelekileyo endyebeni loo nto." Ke ngako oko mawethu masincedisane nezi mbongi — la madoda namankazana azama ukumisa enye yezo ntsika zimbalwa anokuthi amaAfrika abambelele kuzo axhathise ngazo ekwakheni isizwe, kuba kaloku isizwe esingenantetho yaso sifana nenqanawa engenamqhubi enzonzobileni. Kazi sokhokelwa ngubani na kule nzonzobila, kuba onyana neentombi zeAfrika zizidla ngelokuthi "ziya landela" xa zimana zisithi, "Andiyi phi nasiXhosa mna. Akukho siXhosa ngandawo."

Nantso ke "InDyebo kaXhosa." Yizani mawethu sivune, yoz' ithi kanti le nto inkulu, naku ide yangenwa nangamabhinqa — abantu abakholo lunzulu, abenza benze bade bendele.

G. S. BUDAZA.
17 Mnga, 1951.

## UKWAZISA

Kuluvuyo kum ukuba ndibeke phambi komzi wonke wakwaXhosa incwadi enengqokelela yemiHobe nemiBongo yesiXhosa ebhalwe ziimbongi ezaziwayo nezingekaziwa kweli lakwaNgconde — kwaButsolo-bentonga. Le ncwadi yeyokuqala ukunika ngokupheleleyo kwiimbongi zakwaXhosa

umhlaba omde ukuba zidakase — zithethe ziphele apho ziphela khona. Umfundi wayo wophawula okokuba akukho nto yimbi ikhoyo phakathi kwayo ngaphandle kwezibongo zasezinkundleni — imihobe nemibongo yasezikolweni, njalo-njalo. Sithe makhe senze incwadi elolu hlobo engengomxube nje ngezinye ese zikho phakathi kwalo mzi wakowethu.

Ngokuvela kwale ncwadi siyathemba okokuba wonke umntu oya kuthi ayifunde uya kuyifumana ingumthombo ongapheliyo wako konke okulungileyo nokuchwayitisayo; ibe ngumphembeleli weendaba zothando kubahlobo bakuqubisana; ivule amehlo omphefumlo kubantu abaziimfama ekuboneni ubuhle bendalo; ibe yingoma emnandi enika ithemba kubo bonke abaselusizini. Ukuba le ncwadi ithe yaba yindyebo kubo bonke abantu abanxanelwe ulwazi lwezinto ezifihlakeleyo, ezibubutyebi ekuphakamiseni nasekuchumiseni iingqondo zabo ingaba izifezile ngokupheleleyo iinjongo zokwenziwa kwayo.

Njengomhleli wayo ke mna ndiziva ndingenakubeka phantsi usiba ndingakhange ndivakalise umbulelo wam onzulu kubo bonke ababhali abathe bandithumela imihobe nemibongo yabo ukuba ifakwe kule ncwadi. Ngaphandle koncedo lwabo lo msebenzi unge ungaphumelelanga. Ndibulela noMnu. Gilbert Simo Budaza, M.A. incutshe kwezentlalo, ngokubhala intshayelelo yale ncwadi. Amazwi akhe amahle aya kuba yimfundiso kubantu bonke abasebenzisa le ntetho isulungekileyo yakwaNgqika. Andingebi ndigqibile ukuba ndithe ndalibala ukubulela abaphathi be**Die Afrikaanse Pers Beperk** yaseGoli ngokuvuma ukuyishicilela le ncwadi ndakuba ndibacelile ukuba benje njalo. Kubo nakwabanye abaninzi abandincedileyo ndithi, "Imaz' enethole!"

Ndivumeleni ke ngoko ndiyazise kuni le ncwadi yemihobe nemibongo. Igama layo yi-Ndyebo kaXhosa. Nantso ke siyibeka phambi kwenu. Yamkeleni niyifunde. Indaba yetyelo ayikholi!

G. SOYA MAMA.

EBhayi,
KweyoMnga, 1951.

# ICANDELO LOKUQALA

## IMAZ' ENETHOLE
NGU-
G. SOYA MAMA.

## OLWAM UBIZO

Kufuphi neenduli zasekhaya
Ndiv' umalusi ebiz' iinkomo.
Ubusuku bona bukhawuleze bafika,
Nenkwenkwezi yokuhlwa se ibonakala
Nayo iyachwechwa ukuvela esibhaka-
 bhakeni,
Kuba nobumnyama busondela kancinci.
O! Le mini ibe mnandi kakhulu.
Lithe ilanga lakuthi thaphu,
Zakhawulez' iinkomo ukuya emadlelweni
Zafika zakramza, zakramza kamnandi
Ingca ende evuz' umbethe.

Zamana ziziqika-qika kuqaqaqa.
Zakucothelwa lunxano oludolisayo
Zalubulala ngamanz' apholileyo
Ampompoza kwimithombo engapheliyo,
Ziphozisa namanqin' adiniweyo.
Ngaloo misila mide yazo
Zaphekuz' iimpukan' ezikhathazayo
Ilanga lakusondel' ezintabeni
Nemini yakusangana,
Ilizwi likamalusi lacand' umoya,
Labiz' inkomo zakowabo.

Zakuliv' izwi lakhe
Zakhawuleza zajong' emakhaya,
Kuba imini se imkile.
Nam ndidiniwe ngoku,
Kudala ndisebenz' emasimini,
Amehlo am sel' enzima bubuthongo,
Nomzimba unqwenel' ukulala.
Kodwa ndilindel' olwam ubizo.
Ndakuba ndibiziwe nguSobuthongo
Ndakusabela ngovuyo,
Inene, ndingenasikrokro.

## ISIBANE ESICIMAYO

Ndithe ndakulumeka ngomlilo
Kuloo ntanjana isentloko,
Kwaba kh' ukukhanya kweli khaya,
Nobumnyama besaba mpela.
Ukukhanya okuninzi kwakho
Kunomtsalane nakumavivingane,
Ungafik' esolok' ekungqonga.

Kodwa ngenxa yobuyatha bawo
Athi aziphose kuwe ngamandla,
Uwatshis' amaphiko ngomlil' afe.
Uyakwaz' ukumem' umhambi ekude,
Umenz' abe kucel' isilili kweli khaya.
Iinyembezi eziwa kuwe ziya sichukumisa,
Kodwa ubomi bakho bufutshane,
Sithi sisakujongile, sisakubuka,
Sikubon' uphela kancinci,
Ude ucime ungabi saphefumla.
Ingaba na ubomi bomntu
Buphela nje ngawe?

Hayi obam ubomi
Abusosiban' esicimayo:
Busisikhanyiso esiqaqambileyo,
Endiya kusoloko ndisibambile,
Ngalo mzuzwana ndisaphefumla.
Kodwa mhla ndiza kulal' obungapheliyo,
Ndakusinikezela kubantwana bam
Ukuba bakhanyisel' umzi waseAfrika.

## NGABA NGENENE SEWAFA NA?

Khumbula yise kaZwelakhe
Mhla wanduluka kweli
Wawuqakatha ngokwetakane,
Intliziyo yakho izele yimincili
Nomzimba ubalek' igazi lokonwaba.
Sasingaz' ukuba uya kuthi shwaka —
Ungabi sabonakala kwawethu amehlo.
Ngaba ngenene sewafa na?

Sikhumbula Jwar' elihle,
Mhla wanduluka kweli
Wamang' umfazi wakho,
Wamfunqula nonyana uZwelakhe,
Waza wathabath' umgodlo wakho
Wawubek' egxeni lakho.
Wasibulisa nathi sakubulisa.
Lakubiza ixilongo wasabela;
Wemka kuthi siziphethe ngeenkophe.
Ngaba ngenene sewafa na?

Khumbula kaloku, mfondini,
Wawusithembisile ngenyaniso iphela
Ukuba wobuya uze kusibalisela sonke

Ngezemfazwe esemaNtla eAfrika.
Besilindel' ukuva ngezaseJiphete,
Besifun' ukuchazelwa ngedabi laseTobruk,
Side sive nangelaseAlamein naseTripoli.
Hayi wena akubuyang' uze kusixelela.
Ngaba ngenene sewafa na?

Kudala silindel' incwadi yakho,
Siba ngabhala akusiphenduli.
Konk' okubonileyo nokwaziyo
Kuthi kuyincwad' evaliweyo.
Sakubon' amajoni antsund' efika
Sithi sibe nethemba ukuba uyeza,
Sitshayel' indlu siyenz' ibe ntle,
Silungiselele ukufika kwakho,
Kodwa wena akude uvele,
Ngaba ngenene sewafa na?

Inqawa yakho siyigcinile;
Akukho mntu utshaya ngayo.
Nenduku yakho isekho;
Ayinakuphathwa mntu.
Ingxowa yakho yecuba
Nayo ayisetyenziswa bani,
Nesitulo sakho asihlalwa mntu.
Inja yakho uKhonkotha, isekho;
Isoloko ikhedamile, ayikuncami.
Ngaba ngenene sewafa na?

Kutheni na Jwar' ungabuyi,
Wawusithembisile nje mhla wanduluka?
Umfazi wakho omhle kunene uNonkontsho,
Soloko ehleli ngasemnyango,
Ulindel' ukuvela kwakho ngasentshona-
langa.
Amehlo akhe azele ziinyembezi;
Akavumi ukuthuthuzeleka ncam.

Uyavuka abuye alale, alale abuye avuke.
Ilanga litshone kuvele inyanga,
Kodwa wena akude ubonakale.
Ngaba ngenene sewafa na?

Kazi wobuya nini na yise kaZwelakhe?
Iminyaka iyaqengqeleka singenakukubona.
bona,
Nonyana wakho akakulibali.
Uwubuka futhi umfanekiso wakho wobujoni,
Owawuthath' ukufika kwakho emaNtla eAfrika.
Ukwaqhayisa ngawe nakwamany' amakhwenkwe;
Usazi nokuba uyinkedama uZwelakhe.
Ngaba ngenene sewafa na?

Ndixeleleni mimoya yasentlango,
Musani ukundifihlela ndiyanibongoza.
Ngaba n' utshabile uyise kaZwelakhe?
Ndibe ngabuzisa kwamany' amajoni
Ukuba uphi n' uJwar' omhle
Akamazi nalapho akhona,
Engazi nokub' usaphila kuloo nkqantosi,
Okanye wabulawa ngamajoni kaRommel?
Ndiphenduleni mimoya ndiyabuza:
Ngaba ngenene sewafa na?

## USANA OLUNGUWE

(*KuNoluthando Lulama Mama*)

Indalo yonke igcobile
Mhlana wena wazalwa,
Nabazali bakho babulela
KumDali ngokub' ebaboleke

Usana olunguwe mntwanana!
Abantu bonke bayakubuka,
Neengelosi phezulu zikukhusele.
Ubuhle obunyulu bakho
Abubunjwanga sisandl' esikhohlakeleyo,
Bubunjwe sisandl' esinothando
Salowo wathi kubafundi bakhe:
"Bavumeleni beze kum abantwana!"

Lusasandini, mntwana wakowethu!
Ngemihla yobudala bakho
Solindela lukhulu kuwe.
Ngeyakho ingqondo ebanzi
Woba nokuziphakamisel' emafini
Ukwanakh' ukuzithobel' eludakeni
Ngobuyatha bakho obukhulu.
Ngoko sithi, khula, uqave mntwanana!

Lala lusana uyozela
Kudala usingathiwe kwezo ngalo
Zithambileyo zikamama wakho.
Abantu bokuncoma ngengomso,
Wakuvuka umkhulu utyebile.
Amehlo sel' esindeka bubuthongo,
Luyalala usana lwakowethu.
Maluvuke lukhulile, luqavile,
Usana olunguwe, mntwanana!

## UMBONGO ONGAGQITYWANGA

UThixo ukunike okwakho konke,
Waza wakudala ngokugqibeleleyo.
Wena ukwenze ngemfano yakhe,
Wabanemfezeko ngokweengelosi zonke;
Kodwa qiniseka nyana othandekayo,
Imo oyiyo, uyiyo ngokupheleleyo,
Akunakujika nakancinci kuyo.

Ungad' uzambese ngengub' ebukekayo
Enamabal' omnyama amenyezelayo,
Okanye uqaqambe, uthambe, ube mhle
Ngokwamaphiko eentaka zasezindle;
Kodwa qiniseka ntombi ethandekayo,
Imo oyiyo, uyiyo ngokupheleleyo
Akunakujika nakancinci kuyo.

Ningade niphaphazele yolileyo,
Ngamaphiko akhazimla ngokwelanga,
Nibe namendu adlula kwawexhalanga
Kwanobuso obuhle obugudileyo;
Kodwa qiniseka, nina bathandekayo,
Imo eniyiyo, niyiyo ngokupheleleyo,
Aninakujika nakancinci kuyo.

## INGCWABA ELIVULEKILEYO

*Luphi na kufa ulwamvila lwakho?*
*Luphi na Hadesi uloyiso lwakho?*

Siyachukumiseka sonke,
Sikhohlwe nakukulila,
Singcangcazele, sisoyik' ukujonga
Kwelo ngcwaba livulekileyo.
Umkhombe wona umhle;
Kubekwe kwaneentyatyamb' ezintle,
Kodwa kubuhlungu ukucinga
Ukuba asisokube simbone
Umhlobo wethu othandekayo.
Kanene ngabanye ngabanye,
Sithanda okanye singathandi,
Iyeza imini yokuba singene
Nathi kweli ngcwaba livulekileyo.
Zakuthi izizalwana zethu zilila,
Abamelwane becul' ezilusizi,

Agqibel' umfundisi ngokuthi:
"Umhlaba emhlabeni,
"Uthuthu eluthuthwini,
"Uthuli eluthulini."
Livaleke ingcwaba abantu belijongile,
Bezolile, bagoduke bonke besithi:
"Simshiyela kuwe bawo"
"Lowo ulele kule ndawo."

## ISIKHUMBUZO SEMINYAKA ENGAMASHUMI AMATHANDATHU (1891—1951)

## ISIHOMO KUNKOSIKAZI NOBANTU (Mongikazi Dora Nginza)

Sithi mpilo-nde-ntle
Kuwe ntombi enkulu yaseAfrika!
Isizwe sakho sithi vuya!
Kub' ufikelele kusuku lokuzalwa;
Ugqib' amashumi amathandathu eminyaka.
Usoloko waluphakamis' uphondo lweAfrika
Ukhanyisela ngalo imidaka yelaseAfrika,
Unoyolo ntombi yakowethu!

Njengesikhukukazi sikhusel' amantshontsh' aso,
Ube njalo ekulondolozeni izigulana zakowenu.
Ubusithi sakuhlaselwa ziimpundulu
Ukhawulez' uvele nebhunguza elikhulu,
Uzileqe ziye kuwel' umlamb' iGqebera.
Othikoloshe ubaqoqodise kakhulu,
Babaleka badlulela ngaphaya eTinara.
Namhla kuphil' imilwelwe, kubon' iimfama,
Kuba ukhanyo uluzisil' eBhayi.
Unoyolo ntombi yakowethu!

Sithi phila ngonaphakade mama wethu!
Wena uyingonyam' enkulu yelaseCacadu,
Erwaqelisa zonk' iintshaba zayo,
Kodwa wena ukwathozame ngokwexhwane,
Ubathand' abantu bonke ngokulinganayo,
Ude ugqithise wakufika kwimidaka yakowethu.
Isibane sakho asicim' ebusuku,
Sisoloko siqaqambile phakathi kwethu,
Sigxotha bonk' ubumnyama eAfrika,
Bathi bonk' onyana baseAfrika,
Unoyolo ntombi yakowethu!

Sithi mpilo-nde-ntle
Kuwe ntombi enkulu yase-Afrika!
Ixabiso lakho lingaphezu kwekorale,
Wena wanyulwa kwizigidi zabafazi,
Ukub' ukhokele lo mzi kaRarabe.
Zonk' iintombi ezintsundu zaseAfrika
Zikhangele kuloo bhanile uyibambileyo,
Enesaci esikhuthazayo esithi,
"IAfrika yeyenu yikhonzeni!"
Nazo ziyathelela kuloo mbongo uthi,
"Unoyolo ntombi yakowethu!"

## CANDELO LESIBINI

## ILITHA

MFU. J. R. JOLOBE, B.A.

### IKHAYA

Limnand' ivumba lentyatyambo
Kodwa luyolo lobuqholo
Le ndaw' izukileyo
        Ikhaya.

Yincind' emnandi nab'ubusi
Kodwa yincasa yobuhlobo
Amazw' ezizalwane,
        Ekhaya.

Empumelelweni emhlabeni
Hayi ukuba nabegazi!
Bavuye kunye nawe
        Ekhaya.

Kwidabi lobomi kwiinkqwithela
Ndingakholosa ngabani na
Ngaphezu kokwayama
        Ngekhaya?

Ikhaya lihlathi, umqolomba.
Hayi ikhaya emhlabeni
Yindawo eluyolo
        Ikhaya.

## UMLAMBO

Uyintamb' emtyululu,
Ungumnxeb' odibeneyo
Owenziwe ngamathontsi.
Ndiwubon' unjalo
Umlambo, umlambo.

Umzuzwana ebomini
Udibene nomny' umzuzu,
Kudalek' ibali lomntu
Liyintambo ende,
Umlambo, umlambo.

Amavana, izenzwana
Kudibene kubumbeka
Isimilo, umphefumlo,
Obo buni bomntu,
Umlambo, umlambo.

Mandivume, mandizame
Ngeengcingana, ngamazwana,
Ngezenzwana ezihlana,
Ndizenzel' intambo,
Umlambo, umlambo.

## UMHLOBO

Njengombethe omenyezelayo
Wakwangiwa kukuvela kwelanga,
Uqaqambe njalo engqondweni
Yolo lwentliziyo.

Nanje ngobuqholo bentyatyambo
Inkumbulo ngemizuzu ndinawe
Iyimpembelelo emxhelweni
Vuyo lwentliziyo.

Njengomhobe wemilonjazana
Uvakala endlebeni, unjalo
Ukukhumbuleka emxhelweni
Mhlobo wentliziyo.

## UMONGIKAZI

*Umhobe ondululwe kukubona ukusebenza nokuziphatha kwabongikazi besiBhedlele saseLovedale.*

Amaganyana akhe lo mntwana wemfesane
NguNokunyamezela, Nonceba, Nobulali;
NguNongqikelelo, Nobubele, Novelwano;
NguNokuthembeka, Nokuphapha, Nobuchule
UmOngikazi.

Ibali lesigulo, umngcelele omdana,
Ususela eGoli okanye kwanyakenye,
Lidlula koSiyazi nasekutyeshelweni,
Woliphulaphulisa ngomonde nangembeko
UmOngikazi.

Kumquq' imfungumfungu ulind' ephathekayo
Ukunceda ugqira achane isihlabo.
Eleqwa ngamaxesha uzol' abek' izitho,
Uyawaz' amawabo, uthimba ngovelwano
UmOngikazi.

Kovela kwintlalwana ebumfuxumfuxwana
Ibhalwe nasentloko kuse elunyaweni,
Womcoca amlungise ade akhangeleke.
Akamsoli umguli ulawulwa bubulali
UmOngikazi.

Kwiintlungu zemizimba evikivekileyo,
Obakhe ubuchule buba nengqikelelo,
Nesibindi nenceba. Ekuphatheni kwakhe
Izandla zibe ngathi buboya ukuthamba
UmOngikazi.

Kwabaxakwe kukutya umqala ungaginyi
Ubafunza ngamajelo oqhoqhoqho ngomonde,
Ujong' ukuhlangula bungabalek' ubomi.
Uzingisa amaxa, ajokise imihla
UmOngikazi.

Kwabazifo zihlutha ukuqiqa kwengqondo
Ungumhlob' okufuphi, bacingelwe iingxaki;
Nakwabankwinizayo zizithukuthezana
Uba ngumthuthuzeli anike inkalipho
UmOngikazi.

Ezimfihlakalweni zendlu yokutyandela
Kwigumbi namagora angabethwa luvalo
Ukhonza ezolile, ephaphile akrote,
Kuhlangulwa ubomi usiza ngobuchule
UmOngikazi.

Nakwabadiniweyo yihambo yobu bomi
Kwizifuthufuthwana zokuwela umlambo,
Usula amabunzi abacime amehlo.
Ngumhlobo ozukileyo ngale yure yosizi
UmOngikazi.

Usebenza kanzima ukanti kwangembeko
Wozilandalandisa iindwendwe zabafayo.
Unje ngomzalikazi wenene kubantwana
Bekude namakhaya bonwabe balibale
UmOngikazi.

Ekolu xananazo lwezi mfanelo zakhe
Ezikhonza ngobuntu izigulana zakhe
Ekukhululekeni unabo ubungcathu
Nasekulawuleni unokwazelelela
UmOngikazi.

Ithongo labongayo lidume ngesibane.
Akanasibanana umongikazi namhla,
Koko yena ngokwakhe ulilitha lokhanyo
Isibane senceba elizweni liphela
UmOngikazi.

## IZOTHUSO ZEHLABATHI

Ziyothus' iindudumo zigqekreza zigquma
Kushukum' iziseko, zigungqisa iintaba;
Umbane ulenyeza ucanda amazulu
Ngokwekrele lomlilo elijikajikayo.

Ubandisa umxhelo umlambo uzalisa,
Umkhukula womsinga; nolwandle olulwayo
Amaza edlokova uwedwa enzulwini
Ithemba lokuphila kuphel' iliphenyane.

Uyemka umbilini encotsheni yengozi
Kungekho nakuroxa emalengalengeni,
Ukujonga ezantsi kudala isiyezi;
Kumanzi axhaphayo ekuginya utshona.

Ndoyika nesikhalo esicanda umoya,
Sikrakra sibandisa umongo; nesithinzi
Esingachazekiyo. Ke kodwa ntweni zonke
Zokoyikwa, hayi isazela — umva-ndedwa!

## UNYAKA WAMA-2000

Yihlahleni indlela niwembe amazibuko
Nilumkel' izigingqi, nithambek' emmangweni
Ukhalo niluchule; kumathafa ithi tye
Indlela yosindiso, unyaka wokhululo
Wamawaka amabini.

Bhinqani omfutshane ninxibe iimbadada
Niphethe udondolo nizindil' ukuthetha
Nibengcathu ngesimo nikhawulele ngelinge
Imini yosindiso unyaka wokhululo
Wamawaka amabini.

Wonke ongumAfrika makeze kwimfihlelo
Yamandla uQamata, ulilitha lendlela,
Amandla abumbayo kumashumi mahlanu
Eentsuku ezandulela unyaka wokhululo
Wamawaka amabini.

Isizwe ngobungako masifunde sibhale
Ngezi ntsuku. Izigidi ezithathu zibambe
IJ.C. zinegwele lamagqira neeB.A.
Woba se ungenile unyaka wokhululo
Wamawaka amabini.

Qwebelani iminyaka emihlanu yendlala
Niqhine kuqhineke nifihle kozintungo;
Imizi isekeka ngokubopha ibhanti,
Kulindwe usindiso unyaka wokhululo
Wamawaka amabini.

Fundisanani njalo kwiimanyano zesizwe
Nidale umqokozo wobunye bomAfrika
Nithethe ngezakhayo kuyekwe unyhilwano
Kusekwe usindiso unyaka wokhululo
Wamawaka amabini.

Iimbongi mazibonge ngalo nyaka wolindo;
Iimvumi maziqambe ngale mini yethemba;
Ulutsha malubone imibono ngonyaka
Wokuza kosindiso unyaka wokhululo
    Wamawaka amabini.

## UNDWENDWE LWAKOMKHULU

*Umhobe owatshayelela ukuza koKumkani waseNgilani uMhlekazi uGeorge wesiThandathu eMzantsi Afrika ngonyaka we-1947.*

Inzwi! zizwe zikaNtu lusapho lomthonyama,
Mpuluswa zindembelele ntonga zomsimbithi,
Lusapho lukaPhalo lukaTshiwo lukaNgconde,
Bantu banteth' iyodwa ikhuhl' inkuhlangubo,
Zizwe zikaMjokwana kaNdaba eThukela,
Nani baMbo abahle ngokokwindla kuvela,
Bantwana bakaKhama, lusapho lukaMshwe-
  shwe,
Simemeza undwendw' oluhloni isiphakathi,
INkosikazi nosapho, iNkosi uMhlekazi.
    A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Bhenguzani mimoya nitshayelel' uduli
Ngokokhomokazi mhla ngogayi emgidini.
Yenzan' imvundumvundu izibi zidudulwe,
Phehlani amazulu kudaleke amafu,
Nandiphisan' impepho niphozise umhlaba,
Thwalani iimbambano niziselel' elwandle
Nivelise inzolo kulawule uxolo
Ninge nivanganiswe nomoya waphezulu
Kuzalw' imvisisiswano ngokuza komhlekazi.
    A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Yondelelanani mafu ngokwezulu lizisa
Nizibumbe bungqimba, imitshontshi yemvula,
Avulek' amathende esibhakabhakeni,
Lihlambeke ilizwe lambathiswe uhlaza
Ngowesicambakazi sokunyathel' abahle,
Kuvuneke iindyebo zikrwale iziqhamo,
Lucokiswe noluntu intlalo neentliziyo
Ngenxa yemvul' enkulu amathonts' aphezulu,
Kugatyulwe indlela yokuza komhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Jokisa ngomnzwi langa unqumise umhlaba
Bahambe koveneyo lungatshelel' unyawo,
Ibandezi lelitha livuthise izilimo
Namathuku obomi kwimbilini yoluntu.
Uz' ukhanye ugxothe intsibekel' ezweni
Luhambe ngesidima nendili lubelezelwa
Undwendw' olulilibo abantwana begazi,
Kugxotheke amathunzi entlalweni yohlanga
Ngokukhanya kwelanga ukuza komhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Yindlovu enyathikazi lundakazi limandla
Ukuthwala inzima zohlanga olumxube,
Sapho luzazekile njongo zingxaka-ngxaka,
Nqanawa isinyithi ibelek' imithwalo
Ingenakuzikiswa nakunzulumbekiswa,
Mfihlelo yaloo mandla ilandeka endulo,
Sithethe asichonge bala, didi nabuzwe,
Mendo wokusesikweni ntambo yobulungisa,
Ntsobi yaloo mandla siyibona kumhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Yingonyama egquma sishukume isizwe
Ikhalima uluntu ngobumpangalasane,
Kubhadw' inkululeko kutyalw' ucukucezo,
Nyalasa eyakrota sibambe amazinyo

Zarwaqel' izilo igqum' emqolombeni;
Yadal' ibuyambo sekunyembelekile
Inje ngomlu wanyama oshiywe ngamawabo,
Yathimbisa kwakuko qhaji lenkululeko
Ufanelwe bubukhosi. Siwongiwe mhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Lukhoz' olumkhitha intaka yeengxondora,
Ndlwan' isezincotsheni mseli mpepho yezulu,
Ngongo zikomakroza ngosapho lwakowabo,
Mzali oluqeqesho lunzim' ukufundeka
Vuthulula amantshontsho emalengalengeni
Ang' aya kuntlitheka ubuy' ukhongozele
Sezibetha iimvalo zamabona-ndenzile;
Siziimvekwana zakho sifundis' ukubhabha
Sikholose ngengomso ukuqingqa mhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Yingwenya yemilambo iramnco elithe tu,
Nqolonci yezanuse mfihlakalo yentwaso,
Ukwalama umhlola makuthwasise isizwe
Sifunde amacebo okwakheka namandla.
Akuze ngabutshaba bungxengxezwa ngegazi,
Silo singadl' ekhaya kukundwendwa kwamathongo
Isicamagushelo kulahlwa izikhali
Zamazwi nezeentetho abukulwe amaho.
Izincwino zomoya zofika kumhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Ngumnenga wozilwandle okhaya liziinzulu
Uthukuza eAfrika gqi kwelamaIndiya,
Nango kwelama-Amori namaIndiy' abomvu
Awufikanga na nakwelaseKhanada?
Uzigqwesil' izilo zasenzonzobileni,
Zisabil' iintshaba zakudedel' indlela

Zakwalama umphathi wamaza alatyuzayo.
Lawula kuvokotheke Britani engxwenga,
Vava ngempembelelo yakowenu mhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Yinamba ebumnyama isilo samahlathi
Inyashaza idlula ivelel' igxamesi;
Mgatyulelw' izigcawu yinkulu yeBhotwe,
Kwaba selutyelelweni kwas' ekubuseni,
Uz' uwujikeleze ngangobubanzi umzi,
Udale uqilima lomkhondo obunzima
Basolwe ababunganga ukucand' umzila
Besekelez' ixhoba ithanga lakowenu
Bethelela kuqine ngokwetola mhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Akunje ngenyanga nasibane sobusuku
Kwacima eYerepu wasala ubaneka,
Sekokhelwa kowenu ukulumeka izizwe,
Ntsabelo yeekumkani kwintsunguzi yokuhlwa
Uz' unike ufifi nokuba kaluzizi
Kuphuhliswe icebo kukhanywe isiqungo,
Igazi lezigidi malenze kube chosi,
Kube hele kufane neCamagu leNyango
De kukhanye kuluntu luzathuze mhlekazi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

Khwezindini lokusa, nkwenkwezi yoxolo,
Khanya qaqambileyo ungabi saphazima;
Yenjenje kobuzayo ememez' entabeni
Esithi mlindi kuxa liphi na ebusuku
Uz' uthi kuyasa. Isisukulo iindwayi
Sezilungiselelwa kugxothw' amaxhala
Okuphelelw' ingqesho, osapho nokugula.
Ukuze singaphandlwa ukholisil' udlule
Ngokwenkwenkwezana entshotsholozi mhleka-
zi.
A! Zwe-alitshonelwa-langa!

## IDINI ELITHOZAMILEYO

Abalusi bomhlambi wenkosi yamaZulu,
Amadod' amabandla ahluka-hlukeneyo,
Baphuma ukukhapha amadoda okulwa.
Naxa babenjengele iliTshawe loxolo,
Ukukhusel' inene noxolo nenyaniso,
Amaxola asenza imbasa isikrele.
Ngonqulo babahlukene abahlulwanga nto
ekufeni.

Embindini wolwandle kuloo ntlango yamanzi,
Ekhuthele amaza ngokwenja enengcwangu,
Kwashunyayelw' inkwili iqhekeze umkhombe.
Amawaka onyana babantu ayelapho
Ngokweenyamakazana ezisebandezini,
Silapho nesithathu samadod' akwaThixo.
Ngonqulo babahlukene abahlulwanga nto
ekufeni.

"Elowo kwiphenyane," lamemeza ilizwi,
"Nikhumbule iibhanti zobomi zingashiywa."
Kuthe zole tu, aphokozeka amakroti
Agona amathuba amabona-ndenzile.
Ema la madodana — amagqir' omphefumlo,
Anikela iibhanti zobomi ekhuthaza.
Ngonqulo babahlukene abahlulwanga nto
ekufeni.

Kuloo mfumba yeebhanti kwaqala ukuba ze,
Lacutheka ithemba, umkhomb' uzulumbeka,
Kusasele bathathu, izingetye-ngetyana.
Bakhumbula onina, odade, izihlobo,
Bazincama ezabo abalusi benene.
Ngonqulo babahlukene abahlulwanga nto
ekufeni.

Abamva ukushiya loo nqanawa yelishwa
Baxela bewabona amadod' akwaThixo
Phezulu emkombeni exhagene ngeengalo,
Evuma edumisa ejonge echwebeni
Lasemaphakadeni, izika inqanawa.
Babuncamel' abanye ubomi abalusi.
Ngonqulo babahlukene abahlulwanga nto
ekufeni.

# ICANDELO LESITHATHU

## THETHA-FUTHI

NGU-

A. Z. T. MBEBE

### KHULANI MAKWEDINI NIVELA EMSINI

Izizwe bezibambene es'apha,
Bekuqubisene ingwe nengonyama,
Yaphum' imidaka emnyama engeva sepha,
Zaphum' izinxiba-mxhaka zamaAfrika,
Emk' amafa-nankosi asing' emsini;
Khulani makwedini nibuyil' emsini.

Nina niphos' ibhunguza kwavokotheka,
Mini nayixak' imigewu yazinikela,
Nina ningamagora nezithwala-ndwe,
Kuba noyis' injengele naphumelela,
Nityed' izaphetha lwaded' utshaba,
Nivul' imipu zakhony' iintaba.

Nitsho ndacinga ngezadlulayo iimini zezimbo
Nyakana wagqub' uKesare ngokwenkunz'
ezimbo,
Nyakana wathuk' okaMqhayi imbong' ene-
zimbo,
Nyakana waphum' umlisela unqanda loo
mhlola,
Nyakana lwatshona ucwambu nenqanaw'
uMendi,
Nyakana akhuz' amakhaya athi wehla
umhlola.

Nibuyile makwedini nilw' idabi,
Umhla waseTobruk lidabi ledabi,
Umhla waseDunkirk yinkunzi yedabi,
Mandixhentse namhlanje ndifak' isidanga,
Imfazwe yezizwe niyitsho yabhanga.
Khululani makwedini nibuyil' emsini.

Selidlulile zivakele iindudumo,
Amagor' emfazwe abuya nodumo,
Bhotani bafana ningamadoda,
Nizakuthwesw' iimbasa njengamadoda.
Khulani bafana nivel' emsini,
Khulani makwedini nibuy' emsini.

## INYANGA

Bhota nyanga, nkosi yezilimela,
Kha usixelele ugqibe zingaph' izilimela?
Kha usixelele kutheni le nt' ungaluphali?
Ucand' isibhakabhaka wena uhambela pha-
mbili.

Gqanga-gqanga lezulu, tshawe lobusuku,
Inkazimlo yakho lukhanyiso ebusuku.
Vela bajame gqanga-gqanga lezulu,
Deda bumnyama, inyang' iphezulu.

Bhota nyanga nkosi yezilimela,
Unyana wam useGoli ndimbalel' iinyanga,
Zitshabil' izikhulu zidlul' izilimela
Intombi yam iceliwe ukuthwasa kwenyanga.

Bhota nyanga, gqanga-gqanga lezulu,
Umhlaba wakho mkhulu uzalwa kwaDlulu.
Uzalwa nelanga, uzalwa neenkwenkwezi,
Uzalwa nezilimela kwanelomso ikhwezi.

Bhota nyanga gqanga-gqanga lezulu.
Dabul' isibhaka-bhaka azimel' amagqwira,
Khany' emnyameni gqanga-gqanga lezulu,
Mkhokeli kaSirayeli ngeemin' ezikrakra.

Bhota mhlekazi, ngqukuv' eligqange,
Zaphum' izikhova zizingel' iimpuku,
Bhota mhlekazi kanene uyingqanga.
Zantyiloz' iintaka zazimela iintuku.

Gqanga-gqanga lezulu, themba-khulu lomhlaba,
Yakusithel' inkazimlo sisithoko-thoko umhlaba,
Amaxesha omhlaba akwahamba ngeenyanga.
Bhota nkonde yephakade, gqanga-gqanga lenyanga.

Ndinga ndingabhabha ndifike kwizwe lakho,
Ndikuthuk' enkundleni ndibe yimbongi yakho,
Ndinyembe intiywano, ndigxeke ubuhlanga,
Kuba sonke nabanye sibusa kuwe nyanga.

## THETHA KAKUHLE

Thetha kakuhle nezwe lakho
Ngeemini zobutsha bakho,
Ingomso alaziwa,
Izwe lakho liliwa.

Ulwimi lwakho lube mnandi,
Ipholo-pholo lenz' isandi,
Imfundiman' inokuzola,
Ithetha kuhle ngokuzola.

Thetha kakuhle namawenu
Nosapho lonke lwakowenu.
Izw' eligwenxa lichith' uxolo,
Izwi loxolo lidal' uxolo.

Thetha kakuhle namanene,
Olirathanga limenemene,
Wonizisela inkathazo.
Thethani kuhle nimthandaze.

Thetha kakuhle nabaMhlophe,
Izigulo zakho zibeke kuhle.
Inyaniso yakho ibe mhlophe,
Wozuz' uvuyo kwanentlalo-ntle.

Thetha kakuhle nosapho lwakho,
Umfazi wakho uyindlu yakho,
Mhla se ugula uya konga,
Usapho lwakho uya kulondla.

Thetha kakuhle neenkosi zakho
Khoth' uyixathula iqhinga lakho,
Uqin' umqolo theth' inyaniso,
Igam' elihle lelenyaniso.

Thetha kakuhle ngabantakwenu
Baz' ogxa bakho bakuhlonele,
Unqand' amanz' angene endlwini,
Igaz' elinye lelasendlwini.

Thetha kakuhle nezidenge,
Wofund' ulutho nakwizidenge;
Abantu kade abalingani;
Mus' ukuqhosha ubang' iintloni.

Thetha kakuhle nendoda yakho,
Ungayilwisi yingxonde yakho,
Kwakonakala thetha kakuhle,
Izwi lembeko liza nobuhle.

## IZIBONGO ZENGCAPHEPHE UMNU. D. D. T. JABAVU, B.A., ISIDABANE SASELONDON

Aa! Jili! intetho yomLungu sisiwili-wili,
Mdak' omnyama ongeva sepha,
Majonga nkungwini kuvel' ilanga,
Mcandi wolwandle kuvel' indlela,
Kucace nakuthi sibon' imfundo,
Intetho yomLungu sisiwili-wili,
Uyinjoli yayo nkomo kaJili.

Ibinge ilandwe ngubani kade imfundo
Ingenguye owafungel' imfundo?
Ezantsi eNgqushwa ngemini yeemini,
Bafunga oyihlo ngemini yeemini,
Bafungel' imfundo ngemini yeemini,
Nenkonzo kamDali ngemini yeemini.

Saxakwa kukuthetha mini wanduluka.
Uvuyo neengcinga zatsho sadideka.
Sibon' udumo osenzela lona.
Sacinga ngolwandle olunzonzobila
Nedinga loyihlo elinzonzobila.

Singa singadloba, singa singaguya,
Kuba kwenz' imfundo ukuthetha ngegunya.
Nyana weAfrika usenzel' igama.
Weza nay' imfundo kubant' abamnyama.
Kakayi lomLungu, mdak' omnyama Jili!
Intetho yomLungu sisiwili-wili.

IMfengu ayicolwa ngxatshoni na Jili,
Andithuki yona ndifa yimincili,
Nants' imfakadolo inkomo kaJili,
Igqobhoz' imfundo kwahlokom' iinduli,
Nal' ikhupha nyathi bantu baseGqili.
Hee! uNokholeji namhla yingqili.

Mvundla uzek' indlela thole lakwaNgqika.
Kube hele kuwe mhlaba wakwaNgqika;
Nants' imfundimani eseka ulimo,
Iphicoth' umbuso yamkeleni umemo.
Guga ke sithebe kade usophulela,
Hamba mntakaJili siyamemelela.

Iqhayiya lezidenge ngumqombothi,
Usomfundimani lisingawothi
UJili kwimfundo ngowendlw' enkulu,
Mthukeni nonke ngusibalukhulu,
Intetho yomLungu sisiwili-wili
Uyinjoli yayo nkomo kaJili.

Hina zidabane! namhla niziinjinga,
Abantu bakowethu bayajinga-jinga.
Zithobeni kubo nixel' okaJili,
Nivez' isibane iphunyel' induli
Akukho mbulelo kokhonza isizwe.
Jili uyindoda usilwel' isizwe.

## NGOMFI U-S. E. KRUNE MQHAYI

Amade ngawetyala nto zakowethu,
Umhlaba livili uyajikeleza,
Uvez' izikhulu zezwe lakowethu,
Umka nazo iimbongi uyajikeleza.
Phezolo luvuyo namhlanje lusizi,
Kakade ke kweli ngumhlaba weentsizi,

Ixesha lovuyo lingangephanyazo,
Isithel' imbongi yanga liphanyazo.

Asingeyifezi indima kaMqhayi
Yen' ube yimvaba kwintetho yesiXhosa,
Ubeth' akuthuka ancwine amadoda.
Iza kuxel' iimbali zeNtaba kaNdoda,
Iza kuthuk' isizwe namathol' ezilo,
Iza kuland' uluntu ilususe endulo,
Yotsho uxakeke yincas' esiXhosa.

Asingelibali okwehle phezolo,
Kuba imigewu ibigquba phezolo,
Waphum' umlisela ucima loo mlilo.
Yatsholoz' imbongi yathi, "Kuf' ayayo."
Walimal' uMendi wakrun' iintliziyo,
Seva kwaloo Krune eboph' iintliziyo,
Eyal' amakhaya angakhathazeki,
Kuyinto yaloo nto yakuhl' intlekele.

Wena Ntab' ozuko usenzel' uzuko,
Kub' usigcinele imbongi enozuko,
Yen' umntakaMqhayi waseNtab'ozuko,
Obhale iincwadi, obhale imihobe,
Oguqul' iincwadi kwinteth' abaMhlophe,
Wandise ulwazi kwinteth' esiXhosa,
Wanika uzuko kulwimi lomXhosa,
Yena liqhayiya kwizwe lamaXhosa.

Camagwini nonke basemaXhoseni,
Imbongi ilele ibinixelele,
Ithe nilumke yona ayilolitye,
Yona ntw' ehleliyo imihla nezolo.
Xolani mawethu imbongi ayifile,
Olusiba luhle yena uphumle,
Uniph' umgangatho wolwimi lomNgqika,
Gxebe ke izinto azimntakaNgqika.

## AA! NGQANG' EZIZWE!

Sisizukulwana soKumkanikazi uVitoliya,
Intokazi ibinobuntu kuhlanga lukaNtu;
Yizani mawethu nibon' ingcambu kaVitoliya,
Phumani zidwesha isikhulu sifikile kwaNtu,
Yitshoni zimbongi nants' ingqang' ezizwe,
Yafika namhlanj' iKumkani yezizwe.

Ngufak' amawakuwaku impahl' obukhosi,
Nguntlok' imakhazi-khazi ngokwekhwezi
lomso,
Ngumzimb' ubumenye-menye umil' iinkwe-
nkwezi,
Isifuba sintsontela bubuyoko-yoko,
Isandla sibamb' ikrele lokulawula izizwe,
Ubeka kuhl' ukuthetha usoBhilitane.

Uhamba nenyathikazi uKumkanikazi,
Umnt' ongeviwa kuthetha kanti ukwanesisa,
Uphelekwe ziinzwakazi zamaTshawekazi,
Nawanqwenelel' izwe lenu kub' akwanesisa,
Yafik' indlu yobukhosi baseBhilitane,
Intyatyambo nesihombo saseBhilitane.

Namhla ngumMbo nomXesibe akuvanga na?
Izizwe zivumelene akuboni na?
NgabaNtsundu nabaMhlophe akuboni na?
Ngumlisela nomthinjana akuboni na?
Ngamakhosi nabamnyama akuvanga na?
Namhl' iliso liyalama, akuvanga na?

Izindlu zimqengqelezi uyabona nawe,
Zingisa kubaThembu uyabona nawe,
Bonani iinqwelo zomlilo ziyanwenwezela,
Loo mikroz' ekwezo ndlela iyamemelela.
Ithi, "Wangen' uMhlekazi owenkosi unyana,"
Ithi, Bayethe Mhlekazi thole lesilwana!

## IKRESMESI

Xesha lemivuyo, xesha lemincili!
IMvana isemkhumbini,
Izalelwe wena mdak' onesibili!
Ilicham' elikhulu emkhumbini.

Xesha lemivuyo, xesha lemihlali!
Ufikile umKhululi,
Nathi masingqin' ithontsi liwile!
Nank' uNyana womDali ufikile.

Xesha lemivuyo, xesha lemincili!
IKresmesi iza novuyo,
Namhla nizalelw' iMvana emkhumbini,
Yimincili nemihlali nemivuyo.

## IZIBONGO ZIKALANGALIBALELE

*Izibongo zikaLangalibalele ozalwa nguMntambose, ozalwa nguMthimkhulu wesibini ozalwa nguDlomo wesibini, ozalwa nguBhungane.*

Sisigoloza esimehl' abomvu sakwaMntambose
Esabhek' umntu sanga simjamele,
Unyana kaDuba noMagadla,
Bambambe bamyekela,
Bathi akananyongo akanamhlehlo,
Kanti ngumhlelo ubabakazi,
Ungang' emikhonto ibang' izililo.
Usambatha mkhonto njengobhedu.
AbakwaQili bambambe bamyekela,
Bathi kazi wolala ngani uMfandaba,
UDumakude njengesigidi,
Ubentlabathi yolundi noThukela.

Ngifike beyihlenga beyiphalaza,
Ngafika ngayihlenga ngaguzubala,
Mlomo kama yiza ndange,
Mlomo umnandi ebantwini!
Iinkonjane zabonina zibuwaba busezimpikweni,
Inkonjane yakowethu ibuwaba busentanyeni.

## IZIBONGO ZIKAMHLEKAZI SHADRACK ZIBI

*Izibongo zomhlekazi uShadrack Zibi okhaya lokuzalwa liseKoloni, kodwa elisigxina ngoku liseRustenburg kwaKhayakhulu. Le ndedebe yawasebenzela amawayo ngokufuna umhlaba wamaHlubi kwaKhayakhulu. Inkosi le izalwa nguFuba, ozalwa nguMonakali, ozalwa nguZibizendlela, ozalwa nguBhungane makhulu-khulu.*

## AA! DABULAMANZI!

Luswazi olugwangqa lwakwaMamSwazi,
Lwavez' iKanana xa besingazi,
Ingqondo yevimbela iseHlubini.
Yavel' iKanana emaHlubini,
UmntakaBhungane akayiyo indlalo.
Khahlelani kuye niyek' indlalo.

Dabulamanzi kuvel' indyebo,
Zibule khumsha siwel' umlambo,
Sising' eKanana kwaKhayakhulu,
Bhungane nank' omakhulu-khulu,
Olwe ngobuchopho wavez' ilifa,
Nank' uKhayakhulu yidlan' ilifa.

Inkomo yenqoma yintsengebheka,
Isitya somdongwe siyaqhekeka,
UZibizendlela unixelele.
Ntyontyan' amakhwelo nimemelele
Zizwe zamaHlubi kwaKhayakhulu,
NguBhungane yedwa omakhulu-khulu.

Ithole leHlubi lingele-ngele,
Belisemfazweni liyinjengele,
Hina zinkosi uph' uMashiyi,
Khuselan' inkosi ningayishiyi,
Inkomo yenqoma yintsengebheka,
Ithole lesilo ungalibeka?

Nank' uRulumente waphuk' ingqoshe,
Ithole lesilo limoyisile.
Intaka yezulu nguqhimngqoshe,
Funan' umanyano nime nimile,
Imfen' obudenge yavel' emini,
UZibizendlela wayijok' emini.

Siphunzi somthi kaMonakali,
Tshotsh' ubekho wena kungonakali,
Ilizwe leDinga silifumene,
Yagabuk' inkungu zagqots' iimfene,
Inkomo yenqoma yintsengebheka,
Zithengel' eyakho suhamb' ubheka.

Bayethe mhlekazi Zibizendlela,
Inkosi yinkosi ngabantu bayo,
Umhlaba wenqoma ziindlela-ndlela,
Dabulamanzi makatsh' otshoyo,
IKanana yethu nguKhayakhulu,
Ithole loBhungane omakhulu-khulu.

Ikhaya lokuzalwa likuMathole,
Manditheng' umhlaba ndiyek' ithole,
Indod' enomhlaba ingumnumzana,

Ilifa lomhlaba lingumjelwana,
Inkomo yenqoma yintsengebheka,
UZibizendlela akahlupheki.

Thole lomth' omkhulu, A! Ngangeentaba!
Xhwane lamaHlubi, A! Jongintaba!
Imfundo ngamandla, A! Dabulamanzi!
Ikunik' amandla, A! Dabulamanzi!
Ulutsha luphi na, ngahl' alukwazi?
Ulithongo kulo, A! Dabulamanzi!

## AMANZI

Ngubani na ongaphila engekho amanzi?
Lungaphel' unxano singaseli manzi?
Nakanye nakanye siphila ngamanzi,
Umthombo wempilo ngamahle amanzi,
Manz' agelezayo tshotsh' ubekho wena,
Manz' ampompozayo ububomi wena.

Le mini savela satyiswa amanzi,
Uphawu lwezulu lwenziwa ngamanzi.
Amanz' akunqaba nantso k' intlekele,
Izisu zegazi ziza kuzenzela.
Iifiva kwanazo zophembeleleka,
Akukho nampahla zinokuhlambeka.

Wena manzindini uyasihlaziya,
Ugutyul' izibi uyasihlaziya,
Uveza indyebo phay' ezitiyeni,
Ukhulis' ukutya phay' emasimini,
Utsho ke sincome sithi mhle unyaka.
Ze sicamagushe sithi mhle unyaka.

Phay' esibhedlela bubukhazi-khazi,
Baveth' ezimhlophe bubukhazi-khazi,
Babulel' impilo efika namanzi,

Kwanamakhubalo asekwa ngamanzi,
Manz' agelezayo tshotsh' ubekho wena,
Manz' ampompozayo ububomi wena.

Ingqokelelana yamathontsi-thontsi,
Isenzel' ulwandle olunzonzobila,
Sifuman' inkrwebo evel' emazweni,
Zidad' iinqanawa phezul' emanzini,
Siphos' iminatha ngaphants' emanzini,
Siqhub' ishishini ngezilo zamanzi.

Manz' acwengileyo, manz' anzongonzongo,
Ixabiso lakho livez' amabhongo,
Ewe ke kwanini weza nempucuko,
Yadum' iJiphethe ngenxa yempucuko,
Kwavel' indyebo kwakhiw' amabhotwe,
Yabusw' iJiphethe zizizwe ngezizwe.

Yemka loo mpucuko yawela ulwandle,
Yazuz' isizinzo kumhlab' onamanzi,
Imijelo yemfundo sinay' eAfrika,
Ikufuphi kanye kwimijel' amanzi,
Nantso k' imibane pheshey' eMelika,
Ezi mfundimani ziyenza ngamanzi.

Wena manzindini kanene ungcwele,
Usus' ukungcola kaloku ungcwele,
IAfrika yethu impompoz' angcwele,
Aphilis' izifo ngokoMoy' oNgcwele,
Iindaw' ezinawe hay' asinto busi,
Aph' ucanda khona kuphalal' ubusi.

Idlul' indyikitya yemfazwe yezizwe,
Ebilambathise liphela ilizwe,
Mazisel' amanzi izizwe zomhlaba.
Amanz' oxolo adal' ubuhlobo,
Asusa ingcwangu kuphel' ubutshaba,
Lithongwe ilizwe ngamanzi othando.

ICANDELO LESINE

OKU NOKUYA.

NGU-
FEZILE B. TEKA

## NDIKUMANGALELE!

Ungumadala kuneentaba,
Ungumavela negqabi lokuqala,
Umavela nokhozo lokuqala
Wath' uvela wab' ufunga,
"Ndoba yintw' elizweni."

Ungumahlal' emboneni;
Ungumahlal' ezimbeni;
Ungumahlal' ediliyeni;
Ungumahlal' eziqhameni;
Uluvuyo lwesikhuthali.

Ungungalo zinothando;
Umlom' ovuz' ubusi;
Ukuhleka kwabathandanayo;
Ukubukana kwabazalwana;
Ukubungezelelana kwezihlobo.

Ukhulul' iilwimi zicikoze;
Kwamhla mnene waba soloko
Unguntw' esihleli nayo;
Baqhelan' abangazaniyo,
Zixolelan' iintshaba.

Kudala wazana neengqondi;
Kudal' ubongwa ngamaciko,
Akufanisa nento yonke entle.
Ngalo zikuthanda zilubhelu,
Zomelele kunentsimbi.

Ungumabamba zime nkqi!
Umhlobo akumlibali;
Ungasondeza ngalo mfunxa,
Ath' akumka umlandele,
Umruty' ebuqaqawulini.

Owazana nawe wazi ihlazo;
Owayame wena ulahl' uzuko,
Kub' umhle nje unenkohliso,
Uyadlalisa ngomphefumlo,
Ungunzipho zekati nempuku.

Nt' onayo kukukwaz' ukukhetha;
Ngabona ntw' intle uyayifuna,
Gama lihle uyazithimbela,
Liyona ntw' intshinga nethemba.
Ungungahomba ngayo nawe.

Ungumantlokothis' abanumzana,
Umafeketha ngenzala yomfazi,
Umathembisa ngokufa,
Ubuy' ukuphephise, wale
Nokuphumla kwebanjwa.

Kubakhohlisi uvelele;
Ungumavuza ngeziniya,
Ubuy' uthuthuzele,
Bambelela kum apha,
Utsho ngelimnandi.

Ukukuchweba kwengcwaba;
Ath' umnt' akuza uchasele,
Ath' akuchasela usondele.
Yeyona nkohlakalo leyo kuwe,
Nzipho zekati nempuku.

Ndiyakuzonda ngokudlala ngeminyaka,
Iminyak' emininzi yokwenz' izinto;
Ukundenz' isichenge seentshaba;
Ukundiphump' isihlitha sam,
Ukudlalisa ngam ud' uqhayise.

Usilumko, phofu ndikudizile,
Ndibaxelel' abantu akunto.
Nam lo nditheth' undikhama.
Ndikuxelile, mkhohlisi,
Nga ngendiviwe ngabezayo.

Akunantloni ukwenjenje,
Wenjenje nakum, Maqwanya,
Kum mna Malindamangomso,
Kum, majongenkalweni.
Kum, mal' ukugawulwa?

Ndikumangalele, hlal'usazi;
Ngokundenz' uvuyo lwabagxeki;
Intsini yeentshaba ziqhwabe;
Ngonyam' iqhawuk' imisipha.
Ndibuz' amanuk' amaxhwili.

Ndikumangalele, ugwetyiwe,
Ugwetyiwe ngumNini wam,
Owandenzela idini ngegazi,
Ukuze ndimdumise ndimbonge.
Ndithi kuwe, qonda ugwetyiwe!

## MAQWANYA

Maqwanya ngokokhozi,
Ntak edl' eziny' iintaka,
Valo dabuka batsh' abantwana!
Ningabagxeki ngokuziyaleza;
Nam ndinendlela ngendiziyaleza!
Yintw' ekubaxaka,
Bath' abanye ligqwira,
Bath' abanye ligqira,
Ndiwa nabesibini mna,
Mna mntu uyazi ukusuka,
Mna mntu uyazi ukuhlala,
Ifanel' ukugweba ndakujonga,
Ngath' ineengalo ndakondela;
Kodw' iseqhingeni le ndoda:
Ukulind' amandla obudoda.

Ndoyidiba nanzima mhlazana:
Namaqili atyekezwa lulwandle!
Ndibukel' ukunyuka kwemibane!
Ad' avele uQamata phezulu,
Avele namabutho aphezulu;
Abukel' ukulwa kwendoda,
Isilwel' izintw' ezibunto.
Ancume ekwelesithathu,
Ancume onk' amagora,
Kub' iya thandwa phezulu,
Indod' ethand' amawayo!

Ilw' ingenankanunu,
Ilwe nenkanunu,
Kub' awona mandla,
Angaphakathi endodeni!
Nkunzana yam ndiyibekile,
Ndiyibekel' imihl' enzima!
    Hlal' uthemba!

## NDIYA KUZOYISA

Bafondini zininzi izintw' ezinendoda,
Ezikhwebel' umntw' engcwabeni;
Ezikhwebel' umntw' ekufeni;
Ezikhwebel' umntw' entshabalalweni.
Kodwa indoda nganye ma ifunge.
    Ndiya kuzoyisa.

Ziintshaba ngemva nangaphambili;
Nabahlobo abagushe ikrele;
Nabanunusa ngezisulu-sulu;
Udle, uqunjelwe, utshabalale.
Lidabi lakho wedwa elo. Funga:
    Ndiya kuzoyisa.

Ukuphila oku kukulwa bafondini;
Onzinyelweyo mnikeni isandla;
Oxakekileyo mnikeni uncedo;
Owileyo, mnikeni umvalo;
Ningamhleki ningamgwebi.
Aninikelwe: "Gwebani ningagwetywa."
Otyhafayo mkhumbuzeni ukuthi:
    Ndiya kuzoyisa.

## NDAKUFIKA KHONA

Wondithwalisa indwe,
USomaphakade,
Andinxibe nomxhaka,
Wokoyis' utshaba.
Khawulezani zinyawo,
Ndiphuthum' umvuzo,
Wokulwa edabini,
Ndingabheki emva.

Andingesweli lutho,
Ndakufika khona;
Ondiva namadoda,
Ndakufika khona;
Nditsho ngengqili yomzi,
Ongaswele lutho,
Ndihlale ekuphumleni,
NoSomaphakade.

Umnand' umbus' olapho,
Ndiva ngamathongo;
Akukho ntswelo apho,
Zoyis' amabhongo.

Noyikani na zizwe,
Ukumbona Yena,
Nizaliselw' ubomi,
NguSomaphakade.

Nokuba ulijacu,
Wokukuxolela,
Avule amasango,
USomaphakade,

Ezazi izono zakho.
Akangekugwebi;
Wokunik' isitshaba,
USomaphakade.

## NKUMBULO UNDIXAKILE

Yini n' ukunqanda amazolo,
Neminqweno yamazolo,
Ukuvuyis' izimvi zikabawo,
Ndidlamkise intliziyo kama?

Nkumbulo undixakile,
Ngendisithi yiza wonke,
Vul' iingcango zezolo nelinye;
Kodwa ungumntu ombaxa wena,
Ndixakwe ke kukukwamkela.

Bendinga 'ngawabona
Endandisalusa iinkomo nawo,
Ndidlal' iintonga nawo,
Ndikhwel' amaqegu nawo.

Bendinga 'ngawabona
Endandifunda nawo,
Ndibone indima yawo;
Mhlawumbi enze ngakhona.

Sidle iindaba zamazolo,
Sivus' iziqulo zezol' elinye;
Sizolele asel' ehambile,
Sibuye sihleke izinto zawo.

Ndibon' imihla yokungen' edabini.
Awu! sisaziqonda-bafondini!
Saval' iindlebe sajonga phambili,
Saqonda siye ekoyiseni;

Senz' izinto zobudoda singabantwana,
Senz' izintw' ezilingen' amadoda;
Sambonga Ophezulu ngezenzo,
Sambonga Ophezulu ngeminqweno.

Sambonga emini nangokuhlwa;
Sambonga kukhanya, kumnyama;
Sambonga sisedwa, sinesihlwele;
Sacinga ngaye kuphela.

Sambonga ngeentliziyo ezilula;
Sambonga ngeengcinga nangamaphu-
pha;
Ngamaphupha amnandi bafondini;
Sambonga ngokwenza nyulu.

Iminyaka yabuye yafika nezinye,
Kwakh' ema zicime engqondweni;
Nkumbulo masizishiye ezo,
Masizilahle ngemva kude.

Upheth' izintw' endizithandayo;
Uphethe nendizithiyileyo.
Imihl' emibi yilahle kude,
Yilahle kude ndikwamkele,
Nemihl' emnandi.

## UNOBOMI

*KuNkosikazi Margaret Ballinger, M.P.*

Yavel' inzwakaz' enkulu!
Inzwakazi yaseNgilani;
Ngilani sinethemba ngayo,
Sijonge lukhulu kuyo,
Nangon' ihamb' isidanisa;
Ngayo siyabuza:
Wozaliswa nini na umnqophiso,
Wokuzaliselw' ubomi?

Yavel' inzwakazi yaKomkhulu!
NeKomkhulu eliphezulu,
Elingafuni ntiywano.
Ithunyelwe lelo Komkhulu,
Ukukhumbuza amakowayo,
Sakuwuncama kungonakala;
Egameni loxolo mawuzaliseke.

Yinzwakaz' eyaz' amabali.
Yazi ngeGreece nangeRoma;
Yazi ngokutshona kwazo.
Yazi nezinye izikumkani,
Yazi ngokubhanga kwazo.
Iyazi ikrele alikwazi ukulawula;
Iyazi indlala ayakhi luxolo.
Imemez' izizwe eziphetheyo:
Lawulani ngobulungisa!

NguNokusingatha zonk' iintsizana.
NguNokubaneka,
UNokubanek' izintw' ezizayo.
NguNokukhanyisa . . . amangomso.
NguNokufula . . .
UNokufula ngokweenyosi,
Ubekel' izizukulwana ilifa,
Ilifa loxolo elizweni.

Wosenz' amayilo thina zimbongi.
Bambi bathi nguNobantu;
Bambi bathi nguNothemba;
Bambi bathi nguNozizwe;
Bambi bathi nguNokunqaka;
Ke mna ndithand' ukongeza,
Uzezo nto nangaphezulu,
Ndithand' ukuthi nguNoluxolo,
Hayi ukuthi nguNobomi!
Sinika!

Thina sakhula kubaliswa ngoVitoliya,
Kusithiwa wayelilungisakazi.
Yena wayenamandl' esitshaba,
Wena unawenyaniso . . .
Thina sibalisa kwabethu ngawe,
Sithi sathath' ithemba kuloo ntokazi,

Sithi loo ntombi yab' ililungisakazi,
Yiyw' eyasek' uxolo kweli lizwe.
Ngoko yomelela mizuzu le!
Yomelela ma wam!
Gubungu!

*KuMnu. Kholisile Qasana obhubhele eQhibira ngowe-1943.*

## ASIYONDYEBO NONYAKA!

Nam ukuba bendiphethe,
Ukuba bendiyinkos' enkulu,
Ukuba bendiyinkos' enodumo,
Ukuba bendiyinkos' eneenkomo,
Ukuba bendinezinto zonke,
Nam ngendithum' izigijimi
Zindibizele wena mfo kaQasana.

Ngendithe bizan' uKholisile,
Ndiyayithand' indod' elilunga,
Elunge yonke ingxam yayo,
Indod' encok' imnandi,
Ebuso buzele luthando
Ngendikubizile nam, mfo kaQasana.

Ungandilibali kwelo lizwe,
Ndofika nam ngeny' imini,
Ndize kubus' eTshaweni;
Ubundiyalezile emadodeni
Zenigcine loo mfo kaTeka.
Namhlanje elona cebo linawe;
'Ze undigcine mfo kaQasana.

Le ntw' abantu asintw' ukugeza,
Ukuthi sive ngawe kakubi,
Ube wen' usiva kamnandi;

Singaqondi ikwangumona lowo,
Int' owayigweba kudala leyo
Wangumzekel' omhle kuthi,
Tu jikelele mfo kaQasana.

Ngoko, mfo kabawo, ndiyayeka,
Ndiyayeka ndingafuni kuyeka;
Ndinegez' apha le nt' intliziyo,
Ithi mandal' ukuyeka,
Ithi mandal' ukukholwa,
Ukuba nen'apha singebonani.
Hlala ngoxolo mfo kaQasana.

Qhibira libik' elwandle,
Lwandle lwabikel' izulu:
Kutshon' ilunga lendoda,
Salil' isibhakabhaka;
Ayana yan' incamisa;
Asiyondyebo nonyaka . . .
Yincamisa mfo kaQasana!

## DUMISANI USOMAPHAKADE

Ngumnt' omkhulu ohlal' esibhakabhakeni,
Ngumnt' omkhulu okwelesithathu izulu,
Ngumnt' omkhul' obuth' amahlabathi,
Ayingqongana phantsi kothando lwakhe.
NguThixo omkhulu ofanelwe kukudunyiswa,
NguThixo omkhulu ofanelwe kukubhede-
shwa,
NguThixo omkhulu ofanelwe kukoyikwa;
NguThixo oluthando lungenambaliso.

Ngumnt' endinga ndingamkholisa;
Ngumnt' owazi igolonxa lentliziyo;
Nguye owazi amadabi am nam;

NgOngandihlekanga ndakuwa;
NgOngandihlekanga ndakutyumka;
NgOndinqake ngothando lwakhe,
Wandinika ithemba ngobomi,
Wandinik' ithemba lokoyisa.

NguThixo othanda inyaniso,
Ngenene ubuthiyile ububhedengu;
NgOfuna amandla obutsha bendoda;
NgOfuna amandla engqondo yendoda;
NgOfuna ukholo lwengqiqo lwendoda;
NgOfuna intlalo-ntle eluntwini;
NgOfuna kubuywe ezinqobeni.

NguThixo wobawo-mkhulu;
NguThixo kabawo noma;
NguThixo wam nonyana wam.
NguThixo endiya kusinda ngaye;
NguThixo endiya kuphila ngaye;
NguThixo endiya kuchuma ngaye;
NguThixo endiya kubonga ngaye.
Ngomandla aya kuvunywa ziintlanga,
Amandla okuvusa nabafileyo.
NguThixo onyibilikisa indoda,
Incame — undilahlile . . .
NguThixo osebenza ngemfihlakalo;
NgOtyhaphaka amehlo yimimangaliso.
NguThixo oza koyisa lonke ihlabathi,
Aliginye ngothando lwakhe.

Yingweletshetshe kum njengakuDavide.
Likhaka lam andinakoyika;
Andinakoyika izigidi zeentshaba;
Andinakoyika abazingela umphefumlo;
Andinakoyika abazingela inyama;
Kuba nasekufeni mna ndinethemba,
Ndinethemba lamaphakade.

NguThixo omkhulu osenyangweni!
Mabandla dumisani uSomaphakade!
Ilanga yinkanyezi kuye.
Ulwandle lithontsi kuye.
Ihlabathi lukhozo kuye.
Ngumnt' omkhulukazi kangako!
Ngumnt' ongaphezu kobuciko!
NguThixo olelona-lona yeza.
Mabandla dumisani uSomaphakade!
Dumisani uSobukhazi-khazi . . . !
Cima welama! Gubungu!

## ICANDELO LESIHLANU

## ESITIYENI NGU-MINAZANA DANA

### ISIDIMA

Le nt' isidima iluhloni
Lokoyik' ukwenz' okubi.
Sivela kuy' intlonipho,
Yal' uhlanga lwakowethu,
Izinyanya zakowethu,
Kwanesizwe sakowethu.

Onesidima akabuthi,
Akakhethi, akahlebi
Kuzo iimbutho zabagxeki,
Akasokuze abonwe yena,
Kuba akahamb' engena
Kwiminyangwana yelali.

Kuzo iingxabano zabemiyo,
Kwilali leyo yakowabo
Akanakho ukungqina,
Kuba lonk' ixesha uxakekile
Ziinto zokuxhas' usapho,
Ziinto zokuxhas' uhlanga.

Le nto isidima yinkazimlo
Yaso isimil' esihle.
Nyathelo lonaso liyathandwa,

Nyawo lonaso luyalandelwa,
Lizwi lomnt' onaso liyeviwa,
Mntu onaso uhlonelwe.

Madlongo-dlongo ayathoba,
Akufika kobakhe ubuso,
Ongenasidima osesweni
Lokudelwa ngabo bonke
Eneneni uphosiwe,
Yimbeko yesizwe siphela.

Wa mntundini waseluhlangeni
Wena akungeze wanqwena na?
Ukuba nesim' esiqaqambileyo
Esandulela amathamsanqa
Kuhle okukaPhezukomkhono
Esandulela intlakohlaza.

Athi amalandela akhe,
Abe ziintyatyambo ezintle
Litsh' ilizwe linge litsha,
Kuba lihlaziyeke kutsha,
Ziintshintsho-ntshintsho ezintsha
Ezitsho lema ngokutsha.

Kuhle okwentomb' eza kutshata,
Enga ifak' esezulu,
Isivath' ukuba sihle
Esibuyoko-yoko bubuqaqawuli,
Itsho ibonakal' isahluka,
Kwikakade ebililo.

Kambe mntu ungenasimo uphoxekile,
Kuba isidima soze ubenaso
Sixel' iinkwenkwezi kuwe,
Ongasokuze uzithole.
Kanti xa unaso uphilile,
Ungenaso ungumlwelwe.

Xa ungenasidima uphosiwe,
Uphosiwe ngonyawo-ntle,
Imilom' enamathamsanqa
Evuzis' iintsikelelo,
Zokukuzela nentlalo-ntle,
Ngenxa yemisebenz' emihle
Ezalwa sisimil' esihle!

## ABAHLOBO ABALUNGILEYO

Asikuko nokuba bayathandeka,
Abahlobo abalungileyo,
Kuba siqhamo sabo sesovuyo.
Bahlobo bambi beza nenkathazo,
Enesiphithi-phithi sentetho.
Kunga yintsini xa uhleli nabo,
Kanti isiphelo ziinyembezi.

Bahlobo benene ngabacebisi,
Bokukukhuph' ezingozini,
Bahlobo benene ngabancedisi,
Bokukuhlangul' emadabini.
Bahlobo benene ngabaveleli,
Ngexesha leembandezelo.
Lizwi lakho abadinwa lilo.

Nto yakho yeyabo,
Nto yabo yeyakho,
Mntwana wakho bayamthanda,
Mhlobo wakho bamxabisile.
Buncinane bukhoyo bobenu nonke,
Ntlonelo banayo naxa bekuqhelile—,
Abo ngabahlobo benene abangenakulahlwa!

## SEBENZA KUSAKHANYA

Ukuba unelizwi lobubele, lithethe;
Kuba iindlezane zihle ziphumle.
Ukuba ucinga ngesenzo esihle senze;
Kuba ilanga likhawuleza litshone.

Ukuba unoncedo onqwenela ukulwenza,
 lwenze,
Ukuze uncede imiphefumlo emininzi.
Sikelela imini nganye edlulayo,
Nomsebenzi nobuciko bakho.

Iintsuku zezenzo zimbalwa, mzalwana,
Ngoko zalisekisa isithembiso sakho,
Ukuba ufuna ukunceda, nceda,
Musa ukuphupha, yenza.

Asihambi migama mingaphi,
Ukuze sidibane nabaxakekileyo;
Asimilwelwe kuphela,
Esingathi siyincede.

Mhlawumbi ngofuna cebo lengxaki:
Xa umnikile uphilisile.
Olo suku umncede ngalo
Luyatshona nesenzo sakho esihle.

## UTHANDO

Ngubani na ongalunqweneliyo uthando?
Ngubani na ongafuni kubizwa ngalo?
Yintoni na le nto uthando?
Yingcambu yeengcambu,
Yimbewu yeembewu,
Yintlaka yeentlaka,
Incindi yeencindi.

Uthando sisiqalo nesiphelo,
Kuba ongenalo akanto.
Uthando yintembeko ekwalithemba;
Uthando nqwa nomhlaba
Omveliso zizindidi ngeendidi,
Butyebi buya kuwo,
Kanti bumbi buvela kuwo.

Uthando ngunozala nemvela-phi
Yazo zonke izinto zendalo.
Le nto uthando ayichazeki,
Kodwa onalo akabuzwa.
Akungeze walazi ingomso leengcinga,
Kuba iingcinga zizinto ezinamaphiko
  omoya
Ezikhawuleza ngaphezu kweentaka.

Xa ubunyuka ndulana ithile,
Uthwele umthwalo onzima,
Msipha ngamnye usebenza nzima,
Ukhubeka ugxadazela futhi,
Bantu begqithayo bangasi so,
Bejonge kwakanye baba bagqibile,
Ubungecingi nto na ngothando?

Uthando aludeli alukhuzi,
Sikalini salo konke kulungile.
Iliso, ilizwi, nesenzo sokukhanyisa
Luvuyo olukhulu kolilayo,
Ngamafutha esiqholo koneentlungu.
Isityebi segolide singafa liphango,
Kanti ukhoko lwesonka luyomeleza,
Ngoko ke opha ngalo naye uphilisile!

Kuba uthando lucwambu luxolo
Lweentliziyo ezikhany' okweenkwenkwezi,
Ezihlanganisana ngobuncwane bosizi,

Zisebenze ukuvuyisa abanye.
Ubuqaqawuli bobomi kukuthanda;
Asikokuthandwa.
Kukupha; asikokuphiwa.
Kukukhonza; asikokukhonzwa.
Xa unothando ufezile!

## UKUVUNA

Lima ngesandla esinenyameko
Ungemi ngenxa yentswelo neentlungu,
Musa ukudinwa kukugqatsa kwehlobo;
Ungadinwa ziimvula ezibandayo zeNtlako-
hlaza.

Linda de kungene intwasa-busika,
Eza kukuzela nencamisa-mxhelo
Yeziqhamo ezincumisayo.
Lima ujonge phezulu,
Apho kuphuma ukukhanya kweenkwenkwezi.

Ungathandabuzi ngokwegwala,
Elintliziyo ingcangcazelayo,
Uya kuvuna ngovuyo isivuno,
Obusilime ngeenyembezi.

Xa uhlwayele uya kuvuna
Isiqhamo sent' obuyilimile;
Imbewu entle yobe ivelise
Esayo isiqham' esihle.

Ngoko ke hlwayela ngozondelelo,
Kuba hleze uphoswe sisivuno,
Sewaphukile ngumsebenzi,
Akahlukang' ohlwayela kakubi,
Kongahlwayelanga mpela!

## ITHEMBA

Ngubani na ophumelela ngentliziyo
  ebandayo?
Emkhokelela ekuncameni engekenzi?
Ibiyintoni na kakade le nto ithemba?
Zizindlu zomoya ezakhiwa yintliziyo,
Ecinga igqibe okuhle okungenzekayo.
Libalele ilanga kobesenkungwini,
Umpha wezala uzibone sebunto-zonke,
    Ngenxa yethemba.

Umnyama omabala-bala uqaqambe enku-
  ngwini;
Ubuqaqawuli besilivere bukhanye emafini,
Kuba ithemba yinkwenkwezi ethintsela
Ikhazimlise ukukhanya kwendlela yobomi
  bethu.
Le nt' ithemba ikhupha iintsizana,
Kweyona ndlu iphantsi yobukhoboka,
Kuba onalo sel' ephumelele.

Kubufilifili beenkwenkwezi,
Siqaqambe isibhakabhaka,
Kuba enzulwini yentliziyo lithemba
Lokuba ngaphaya kobumnyama kukukhanya.
Yomelela mntu wezwe lakowethu,
Eli phakade asilo lendlalo naphupha.
Lelemisebenzi nemithwalo enzima.
Lelenkxwaleko neembandezelo!

Yomelela ujong' umbombo wezo meko,
Mus' ukuncama uthi imihla mibi,
Usonge izandla ngenxa yaloo nto.
Tshikilel' elo hlazo ulinikel' umva!
Yima ngeenyawo, uthethe ngamandla,

Qinisa izandla, womelelise iingalo,
Uye elutshabeni ngethemba,
Xa wenjenjalo uya koyisa!

## UMSINDO

Le nt' umsindo ayincomeki,
Le nt' umsindo ayibukeki,
Kuba onawo akazilindi,
Wotheth' amasikizi engaziva,
Isazela esingumthethi wenyaniso
Somgweba sel' egqibile,
Kuba maxa wambi ebengaqondile,
Wavulel' amazw' amabi kungacacile,
Ongumooni kuye nomthethiswa.

Isithuba somsindo yiyure,
Asibubo busuku buphela,
Inkqubela-phambili yomsindo yintiyo,
Hleze uphoswe ngamathamsanqa
Esitshaba saw' umhlaba,
Kwanesezulu ngokunjalo!

## IMPUMELELO

Abaninzi bazidinisa ngokusebenza
Imisebenzi engagqibekiyo.
Soloko bekulungiselela njalo,
Ukwenza umsebenzi wabo,
De kuphel' ubomi belungisa,
Bengadanga bangen' emxholweni.

Bambi basindwa bezama,
Kuba ayikhawulezi impumelelo;
Kambe baninzi ababiziweyo,

Kanti bambalwa abonyuliweyo;
Ngenxa yoko bambalwa
Abasikelelwe ngempumelelo.

Zithi iingcinezelo zivele,
Kwabazamel' impumelelo,
Batsalele phambili bona
Naxa won' umvuz' udelekile,
Lithi ihlabathi libadele,
Ngenxa yobuphantsi babo.

Ubuncwane bempumelelo ababuva,
Naxa amabunz' abila njalo,
Intsebenzo bangayiyeki
Ngenxa yethemba lemihla yonke.
Abant' abanjalo bafanelwe,
Sis' isitshaba sobomi — impumelelo.

## UBUHLE BENDALO

Khawubone ubuhle beentyatyambo!
Nokuphola kwentsasa yehlobo!
Xa iintaka zivuma emithini
Iingoma ezimyoli ngamazwi amnandi,
Zimbi zikhwazana emithini.
Amahotyazana aphum' engena emithini.

Kambe izipani ziyaphixana emasimini,
UBentewuri noDyalvesi bakhwazana futhi
Esipanini seenkabi zokulima!
Amahashe aphala ejonge kwibhanti eyazi-
wayo,
Izingqi zawo azinakubaliswa,
Zizalwa kukutyeba okungathethekiyo.

Ingca iluhlaza yaka ethafeni,
Izindlu zezigcawu ziyakhazimla,
Kuba zimanzi ngumbethe otsho zimenyezele.
Asikuko nokuba kuyavuselela,
Ukubona abantwana bedlala
Imidlalwan' ebonwabisa kuvele nelokugqi-
bela.

Amabhadi aphum' engena kwiintyatyambo
Ezimibala iqaqamb' okwegolide,
Buthi ubuqaqawuli bazo,
Buzise isondlo soncumo elisweni!
Iinkomo ziyadloba phaya edlelweni,
Amankonyana namatakane ngokunjalo,
Xa zona iinkunzi zibang' ubukhosi.
Amakhwenkwe abeth iintonga,
Kanti wambi axonxa udongwe.
Namanzi akazolile emachibini,
Kuba amadada akaphumi kuwo.
Ilizwe lizele ziinkazimlo,
Kuluyolo kanye ukulibukela!

## ULONWABO

Yintoni na ulonwabo?
Asinto isijikelezileyo;
Yinto ephakathi kuthi,
Asinto sinayo, yinto esiyiyo,
Esenza sonwabe.
Sifuna iziko elimlil' uvuthayo,
Eliya kuwufeza owethu umnqweno.
Ngaphandle kwalo asinakonwaba,
Kuba soba semnyamen' obandayo.
Ubuchopho bethu buyindawo
Yalo ulonwabo lwethu,
Ukuba asibusebenzisi kakuhle,
Soda sife sikhalaza.

Sihlel' ezithendeni zolonwabo sonke,
De silahle ingqond' enzulu yobomi,
Kwangenxa yalo udaba olo,
Lokusukela ulonwabo.
Abanolonwabo abahlalanga becinga,
Ngayo le nto ukonwaba,
Abacingayo ngalo bangcathu
Ukwenza nokucinga ngemisebenzi yabo,
Kubazela nolonwabo mihla yonke,
Kuba iingqondo zabo zizele
Ngamasetyana aqaqambileyo obomi.

Ulonwabo alukho zintweni;
Lusekuzikeni kwengqondo engazo,
Aze ovuyiswe yinto ayithandayo,
Onwabe kub' umnqweno ufeziwe.
Xa wonwabisa omnye,
Wandisa ubomi bakhe,
Wandisa nobuhle bakhe.
Kuba ububi buyaloyik' ulonwabo.
Lowo wonwatyisiweyo
Uqaqamba okwekhwezi lomso,
Abe mhl' okwelanga liphuma!

## ICANDELO LESIHLANU

## AMAQAM.

NGU-
MFU. J. PAGE YAKO

### INTSHAYELELO

Ngamaxesha aphambili phaya ilizwe liselihle, kusekho neziziba ezinzulu emilanjeni phaya, amakhwenkwe ayethanda kakhulu ukubutha nokwalusa iinkomo kufuphi neendawo ezineziziba; ekuthi kwezo mbutho kungenwe ezizibeni kudadwe. Ngamakhwenkwe amadala odwa abedada kwindawo enzulu esizibeni: ekuthi xa alapho enzulwini, iinyawo zingasafikeleli phantsi, adade la makhwenkwe, athi apha ekudadeni abethe amaqam ngamanqina omabini. Iinjongo zeqam zimbini: kukukhuphisana, ukukhangela ukuba yeyiphi na inkwenkwe ebetha iqam ngobuchule; enye injongo kukuthi xa inkwenkwe itshonayo esizibeni izisindise ngokubetha iqam, okanye iqam linika umntu amandla okuba angatshoni.

Ngeli linge lezibongo sikhangele umzi wakowethu wamaXhosa ukwilinge lokukhangela kwinkalo yokhanyo, nawo wenze ilinge eliselincikane kumsebenzi osewenziwe zezinye izizwe. Okwesibini ngeli nyathelo uzama ukuba ungatshoni kwesi sithabazi sesiziba kweli lizwe; ubetha iqam ufunzele elunxwemeni.

## AA! NOBANTU

*Ezi zibongo zenziwe ngexesha leSinodi yamaMethodi ebiseBhayi ngenyanga yeThupha 1951.*
*(UmOngikazi Dora Nginza)*

Hoyini mabandl' akowethu!
Hoyini bant' abathengwa ngobulunga!
Hoyini ndikhululeni ndiyabizw' eBhayi!
Hoyini lusapho luka-Elefu ndinikeleni njengethole!
Bendichophe phezu kweNtab' ozuko,
Ndada ndazuz' amaphik' okuphapha ndiwel' iNxuba,
Ndisinga kumzi kaTshume noGaret bebandla likaDyan
EBhayi-ndlovu apho kufukam' ithole lesilo,
UNobantu imaz' egwangqa yomzi kaPhalo,
Imaz' emhlantla ngathi liCacadu lingen' elwandle.
Andibanga nakusel' eNxuba naxa ndandinxaniwe,
Ndifike loo mlamb' ungenamanzi,
Zon' iimbokothwe zawo zigoqoz' ukusing' elwandle,
Koko ndiphaphe njengenkonjane,
Ndibelek' eqolo uZingithwa noMlomzale,
Amabhaku omqwashu nosapho lokuchithakala.

Wisan' inkom' emdaka maXhosa,
Nibhinqis' imazi yasemaTshaweni isikhaka,
Ndiboneken' inqawa bafazi bakwaPhalo,
Sinike le mazi impaku-mpakuze,
Id' itsawul' amathe ngaloo mhlantla wayo,
Iwatyhal' ixel' ukutsheka kwenkwenkwezi,
Iwaphos' elwandl' umlamb' ongahlalwa kungcola.
Yimaz' ebingafanelwa yiwatsha nencebeta,
Ikhokel' iimazi zikaKhawuta ibeth' ingqongqo;
Kuba wen' ungekalubek' unyawo eBhayi,

Uya kuhlala uphoswa zizinto,
Oko ungekayiboni le mazi ingongoz' isifuba,
Isikhanda singe asinabomi,
Isidubula nangenqindi icudis' intlung' engaphakathi,
Ngenxa yomzi ewubon' uphalala.
Simbonile nangobusuku betheko likaTshume,
Kuloo nkundlandini yeBhotwe lokonwaba,*
Wathetha koma amathunga,
UNobantu intombi yasemaGqwashini,
Zada zaphuma neentlanzi ukuza kuphula-phula.

Yimaz' efanelwe ukubongwa yimbongi yomnqamlezo,
Kuba yona ayiphathi zikhali njengoManisi,
Ayinayo nengubo yeenyamakazi ebelek' iziduko,
UNobantu ngumfazi wohlanga,
UMamGqwashu ngumfazi wezizwe ngezizwe.
Bhayindini wen' unethamsanqa!
Namalung' eSinodi abonakal' exakekile,
Ngeentsuk' ezilandelayo x' umgcini-sihlalo asesihlalweni,
X' isifungis' iSinodi isith' iyavuma,
Ndaweni yokuba sithi siyavuma,
Sisuke sakhahlela A! Nobantu!
Kub' usishiye simanxeba-nxeba.

Yiyo le nt' iBhayi lingafaniyo nezinye izixeko,
Esazulwini salo kukh' uNobantu,
Ubamba zime, inqwel' ingaphaphatheki,
Imke nesiko lasemzini phantsi kwengubo yempucuko,
Yiyo le nt' amadoda ahlala neentsapho zawo,
Kuba ahlonel' uNobantu umfazi wesiko lesiNtu,
Yiyo le nt' iimela zagotyw' ubukhali,

---

*T. C. White Hall.

Kungekh' unokuphalaz' igazi lomnye,
Kub' uNobantu soloko ephakamis' ingalo yoxolo,
Neenyoka zaselugcinweni azinabuhlungu,
UNobantu uzibetha ngesithunzi zidangale.

Ufanele ukuba lizibuko likaMavikala,
Igqir' elathwasa ngesilo sezulu,
Lathwasa ngoGabaliyeli umthunywa wezulu.
Walumkeleni la maxhwel' akulonozikhakana,
Won' aqamele ngemikhosi yamazulu.

Lo mlamb' uliTyhume masiwusikelele,
Lo mlamb' uthamsanqelekile kuthi baseBhayi,
Kuba kulaph' uNobantu abelola khon' iinyawo
zakhe,
Kulaph' abezibuka khona axel' uThekwane,
Esithi, "Ndimhle ngapha, ndimbi ngapha."
Uphehlelwe kwezo ziziba zeTyhume,
Wanikw' igama elikhulu kwathiwa nguMongame-
likazi.

Wayintak' elilisela yodwa iminyaka ngeminyaka,
Wee ribilili wee ngcu eNew Brighton,
Wafukam' amaqanda njengesikhukukazi,
Namhla oku eNew Brighton phaya,
Uqandule ngaphezu kwamashumi amabini,
Abongikazi ababoph' imbedlenge zaseBhayi,
Nakubo akwaba umvundl' ungazek' indlela.

Ulwandle lwakwaGompo lona ndiluqumbele,
Ngokusiginyel' uNolwandle ngazo ezi ntsuku,
UMagambu imaz' entsundu kaJili,
Nank' elele kuloo mathafa aseXesi,
NoTshume mabakufukame ngomoya wezulu,
Kuba uza kutshila wedwa kule nkundla kaNtu,
Xa sel' ushiywe nguNolwandle ugxa wakho.

Besinibuka zintombi zikaSomgxada,
Xa benithwel' imiphand' entloko,
Nivuka kwangekhwezi njengamaqobokazana,
Niphuma kwelo chibi leDike,
Nithwel' amanz' obom' okondl' iAfrika.

Ndivumeleni okwanamhla ndikhe nditshaye,
Uthethile yena uNobantu lib' ikhwele,
Wawufunz' umzi kaPhalo ungaphelelwa themba,
Zonk' ezi zinto ziya kuguga njengengubo,
Ziza kudlula njengomsi,
Isale yona intliziyo isimangalela,
Ityala lingasayi kuthethwa kwiinkundla zeli lizwe,
Yinkundla yaphezulu ezisongayo zonk' iinkundla.
Zonk' eyosithethela yintliziyo ebonwe nguNo-
bantu,
Ndiyaphinda ndithi, A! Nobantu!

**Ncincilili.**

## IZIBONGO NGEMINI YOKUTYHILWA KWELITYE LOMFI USAMUEL E. K. MQHAYI

(Imbongi yesizwe jikelele eNtab' ozuko, ngomhla wama-26 kweyoKwindla ngowe-1951).

*Ngomhla wama-26 kweyoKwindla ngowe-1951 kwabe kuyinkonzo yokutyhilwa kwelitye lesikhumbuzo somfi uSamuel E. K. Mqhayi imbongi yesizwe jikelele. Lo msebenzi wawuseNtab' ozuko wawuphethwe ngumOngameli wesikhumbuzo sikaNtsikana uMfu. J. A. Calata phantsi koququzelelo loMnu. J. T. Arosi unobhala banzi wesi sikhumbuzo.*

*Izithethi ezaba nenxaxheba kweli theko yaba ziincutshe D. D. T. Jabavu, Gqira A. B. Xuma waseRawutini, noMnu.*

*A. W. Champion wakwaZulu. Abantu babephume nxa zonke naxa kwathi ekuphethweni kwalo msebenzi kwaphithizela iindudumo nemvula.*

Umtyangampo wahlatyelw' eRini
Ingamahali-hali iimbongi zifun' ukugwazana loo mhla,
Imbongi yakuKundulu se iman' ukunkqwila-nkqwila,
Ndabona nezinembasa zityandula ngokweenyama-kazana,
Zimiswe kubi yimbongi kaDaliwonga,
Kwada kwalaml' eyomnqamlezo xa ziza kukrazu-lana,

Yaziyalel' ukuba zekudityanw' eNtab' ozuko,
NgeyoKwindla yome-1951.
Kwamenywa neengqonyela zezikolo ezikhulu
Ezikumaphondo ngamaphondo alo mDibaniso,
Zada zabizwa nangamagama ukuz' igazi lazo li-hlobe,
NoMolefe waqononondiswa aze kuqoshelisa ngo-fefe.

Ide yafik' imin' ekade ixelwa,
Nemini yomgwebo naw' ikulindele,
Imini kaMqhayi, imini eyayinzima,
Iingqonyela zezikolo ezikhulu zaba zizigogo,
Nomdaka kaHonono eNqabara wazilandulela,
Wathi yena akanamfazi usaziphekela,
Nenxele likaMahlasela eRini labhebhetha,
Lathi lisaya phi na limvile nje uManisi,
Kuba ngomhla waseRini walibamba lema nelanga;
NoCingo kumadlagusha wazilandulela;
Esithi ngeyeThupha uza kuthi gxada eOxford
Phesheya kwamaza,

Kwingqungquthela yosapho lukaDyan Wesile.
Zonke zase zithumel' okaJolobe,
Kuba yena ulixhwele lesibhalo esitsha sesiXhosa.
Imini kaMqhayi yimini eyayinzima,
Igxwem likaCalata mhla lenz' imihlola,
Umdak' omnyama omehlo ngathi ngakaZanzolo,
Atsawul' amalangatye omlilo kukutshiseka,
Wenz' imihlola nangokumem' amabhak' amathanga ngamathanga.

Wamem' umde ngeentonga isiqandulo saseRawutini,
UXuma igqir' elingangabantwana.
Wamxilong' uMqhayi wamvavanya,
Wasixelela ngokuzalwa kwakhe nangokuvuka kwakhe;
Wada wamema nengwevu yaphesheya koThukela,
UChampion into yona eyafun' ukwenz' izinto zamehlo.

Be limenyiwe neqhara-qhara elinguJili,
Umfo osiphongo ngathi lilitye likaMlengana,
Inkunzi yethu evela kunqik' iziduli eIndiya,
Yawusonga wonke loo mcimbi wasentendeni yesandla.

Kuthe xa kulapho yabe sel' ibonga inkab' exhaka,
Igwangqa likaGawe umthandazeli wethu,
Seliman' ukuthi mpo-o-o-o-o-o-o-o!
Limceng' umDali weento zonke
Asikhumbule thina lusapho lweAfrika.
Umnt' inguMbo nomXesibe ngemini kaMqhayi.
Wawuhlanganis' uGawe umzi kaPhalo,
Wabahlanganisa abantwana bakaKhawuta ngaloo minindini.
Sayitya yona inkonzo kaNtsikana nomongo wayo,
Nelitye likaMqhayi selambeth' ingub' emhlophe!

Kusithiwa iza kusonjululwa nguXuma welizwe
leengolovane.

Negazi leenkomo beliphalele ebuhlanti phaya,
Ikhutshwa umphefumlo inkomo ngokwesiko la-
maXhosa,
Nabafazi abazirolanga iingubo,
Kub' umzi kaKhawuta ungenambongi namhla.
Ewe, lahlab' ilanga lazikhupha zonk' izilandu zalo,
Abantu babila njengokungunda kwesangcozi,
Bagcuntswa lilitha lelanga likaMqhayi.
Sabona ngoMtshetshi ephuma eBhayi,
Wathi indaba yekaQalazive,
Wazula uMatoti intshebe isimka nomoya,
Etywina le mini ukuze ihlale ihleli.
Zathontelana izizwe zivela kwiinkalo ngeenkalo;
Sada sabotshelelwa nesigodlo somLungu,
Ukuze nezithulu ziyive indaba kaMqhayi,
Akubangakho namayeyeye namincili,
Kuba sifelwe thina mzi kaBhomoyi.

Kuthe xa kuphakathi kule nkonzo kaNtsikana,
Laqal' ukuhlob' igazi kwiimbongi zeendawo ngee-
ndawo,
Ngethamsanqa yayikho neyomnqamlezo.
Zingakrazulana kulawul' uxolo xa zikhuphisana,
Lahlob' igazi wathi umntu ngathi ziphelele,
Xa kude kwakho neyakuKundulu,
Imbongi yoswazi olumaqhina-qhina,
Imbongi kaDal' iwonga umnta' kaMhlobo;
Yiyo le mbongi eyoyikwa nguMkize eKapa,
Bendimmemile aze kubon' umzi utyityimba.
Yiyo le mbongi eyoyikwa nguTshiki kumaMpondo
eQawuka,

NoJodani weNgqumbo yemiNyanya akabonanga
nto,

Oko angalubonang' udini lukaYali Manisi,
Elekuza efun' ukuhlaba nezulu lamazulu.
NoMdledle wazifihla kwaSomgxada,
Esoyikela loo mpandla yakhe!
Ingaqhunyiselwa luthuli lukaManisi.
Zithe xa kulapha zafun' ukucinezelana,
Zaman' ukusina zidedelana ngesigodlo somLungu,
Zaman' ukuphangelana ngexilongo laphesheya kolwandle,
Zaxel' amantshontsho ehagu ephangelana ngebele kunina,
Zadudulana zityhalana ngemhemfu,
Wath' umntu namhlanje kunamhla.

Uqal' apho ke uManisi ukuphambana njengegeza,
Eman' elengalenga nasesibhakabhakeni,
Udini lulenya ngokomban' esithubeni,
Wawugcunts' umhlaba wamanxeba-nxeba,
Wawunqanqa nangeenzwane ngokwenkunz' engonyama,
Amehl' abomvu krwe aligazi;
Aphathe kuncuma abe nezifotho ezidleleni,
Ad' athi vu aziqukule ngomnweba wakhe;
Zimphangele eziny' iimbongi x' akwelemimoya,
Belilelana nembongi yakwaGompo kwelo laphezulu.

Kube ngamahali-hali, nezulu lada lazongoma,
Kwehl' imibane neendudumo kwabubulenyelenye,
Kwaqubisana imikhosi yaphezulu neyangaphantsi,
Yangamagqekre-gqekre lasithela nelanga;
Zaphetha ngokuyekelel' iimbongi,
NoManisi udini walufihla phantsi komnweba,
Kwehliwa kuyiwa kutyhilwa ilitye likaMqhayi;
Yaye yon' imibane ikhula ngokukhula;

Lo msebenzi wanikelwa kule poni yaseRawutini.
Ide yakhululw' ingub' emhlophe kwelo litye lika-
Mqhayi,
Amasondo ekhululwa nguXuma iponi yaseRawu-
tini,
Esakukhululwa kwavel' inyanga neenkwenkwezi,
Zikhanyisel' ulwandle lwakwaGompo,
Zikhanyisela nale Afrika isathuku-thukuza
emnyameni,
Kub' uMqhayi ube yinkwenkwezi iphela,
Ube yinyanga ethwasel' izizwe zikaNtu,
Zingalahleki kule ndlela iman' ukufikelwa bubu-
mnyama.

Elo litye limi kufuphi nolwandle lwakwaGompo,
Eli litye libukel' iintlanzi neminenga,
Elo litye libon' izilo zenzulu,
Kub' uMqhayi wayebona phezulu naphantsi kwa-
manzi.
Limi kufutshane nendlela yenqwelo yamalahle,
Indlela eyabonwa yinto kaGaba,
Namhla eli lizwe likwizizwe zasemzini;
OkaMqhayi yena wayezama ukusibopha,
Esihlanganisa njengabantwana abangenanina;
Elo litye nathi lintlini-ntlini,
Likhangel' ukuzama-zama kwamaz' olwandle,
Lithi bacand' apho kule ndlela,
Abantu abasahlukanisa nobuntu bethu.
Mna ke mbongi andizi kuthetha,
Kub' uthethile uJabavu noChampion,
UXuma uthethe wagongqok' inkaba,
Ngemini yaseNtab' ozuko, imini kaMqhayi.

Elo litye aliyi kushukunyiswa yimimoya namala-
nga,
Elo litye aliyi kusunduzwa nangamaxesha,
Elo litye lilindel' ukukhala kwexilongo,

Elo litye lilindel' ukubuya kukaMqhayi,
Elo litye losala liyijij' ivili yamaxesha,
Izizwe eziphezulu zoba phantsi,
Zith' eziphantsi zibe phezulu,
Izikumkani ziya kuguga njengengubo,
Ziza kudlula njengomsi,
Libe lona elo litye limi oko limi.
Le ndawo iyiNtab' ozuko asintab' iphakamileyo,
AyingangoTsolo noBhele kumaMpondomise,
Ayithwalisi mehlo njengelitye likaPhungela
kubaThembu,
Ayilengalengi njengelitye likaMlengana,
KuBhekizulu wamaMpondo eNyanda;
Ayiziwelelanga eziny' iintaba njengoNtabankulu,
Intaba kaJongilizwe kumaMpondo eQawuka,
Ayisondeli kuloo ntaba kaNdoda,
Phezu kwamaLinde noNgqika noGcaleka,
Ndide ndee ngcu phezu koMahamane kumaBhaca,
Yalithol' iNtab' ozuko kuloo ntaba kaMakhawula,
Neentaba zeNtsizwa kufuphi namaHlubi kaNota,
Ezo ziphakamile kuba zilal' inkungu neenyama-
kazana.
Le Ntab' ozuko ngumhlatyana owodwa,
Azikho izixwexwe zeelali njengamaMfengu ase-
Gcuwa,
Akukho nemilambo engangoThukela,
Azikho nenyamakazi ezikumahlathi kaHoho;
Kodwa kulapho uMqhayi wafela khona,
Loo mzana uwodwa ngathi lithonto labakhwetha.
Kodwa kulapho uMqhayi abeboniswa imibono
khona.
Masimkhankany' uDyubhele umntakaMntengwa-
ne,
Inkosi yam yamaHlubi kaLudidi,
Ehlala phezu koPhela-ndaba,
Intatyana engathi idelekile,
Kodwa ivela ngegxalaba kwiNtab' ozuko.

Ziintaba zoLundi ezingumnkaba-nkaba,
Nanzo zivelel' amaHlubi kaSidinana noBhuqwana.
Yintaba yoNgele eKokstad,
Egcine amaRirigwa ngekhephu nengqele;
Asinakuthetha ngentaba yeSandlwana,
Kuba kulapho zonke izizwe ziqabele khona,
Zasel' amanzi oMkhomanzi zanxonxothela,
Ziyindlel' esinga kule Ntab' ozuka.

Ewe ke masibuyele kwasenkomeni,
Zazikho zonk' iindidi zabantu,
Kwada kwakh' uBokwe noMahlangeni,
Amaxhwele eza nobugqi phesheya kolwandle;
Ndimbonile noBokwe sel' edetyeza,
Ath' ukunyathel' oku awe ngentloko,
Ebil' eludaka abantu besiw' izithuthwane,
Ebakhandel' amaqwili zekungabikho zidumbu,
Ngemini yeziyunguma ngemini kaMqhayi.
Zazikho zonk' iindidi zabantu,
Bekho nabafundisi bamaBandla ngamaBandla,
Izinto ezithi zithukwa zinikwa amabala
ngamabala,
Zibe zibangxengxezela abantu kumDali wabo,
Zibangenis' ezulwini kumzi wabaNgcwele.
Zazikho neetitshala zezwe lethu,
Ze le mfundo ingabi krele kubantwana bethu.
Babekho nabavangeli izinto ezimehl' abomvu,
Amabhak' aleq' uSatana amaphul' imbande.
Babekh' abarwebi nezinxiba-mxhaka,
Kuze kuhonjiswa imini kaMqhayi.
Yiyo le nto sithi okwanamhla godukani zizwe,
Godukani zingwevu ezintle zezwe lethu,
Godukani zimazi zeAfrika ezimkhitha,
Godukani zintombi zokuvuma iAfrika niyombe-
lele,
Nani madodana imisipha yenu mayomelele ngo-
komelela,

Kuba umthwalo unzima oko utyumze noMqhayi.
Godukani ningayilibali iNtab' ozuko,
Godukani nikhumbuzane ngevili kaMqhayi,
Godukani mna ndihlala phakathi kweNxuba neXesi,
Imilambo enkcenkceshela umthi woMqwashu,
Mna sendiphindela kusapho lokuchithakala,
Ndalishiy' elokuzalwa ngoku ndikusapho lokuchithakala,
Ndalishiy' elokuzalwa ndashiya uNgangezwe.
Godukani ke godukani,
Godukani neendudumo ziyekile,
Nemibane ide yalihlonel' ilitye likaMqhayi.
Godukani zizwe kugqityiwe, kugqityiwe.
Ncincilili!

## IMINI YESIKHUMBUZO SAMAMFENGU PHANTSI KOMTHI WOMQWASHU

*Ngomhla we-14 kuCanzibe ngowe-1951 kwahlangana inyambalala yabantu phantsi komthi womqwashu kuzive ezifungweni zeminyaka. Yabaluleka le mini ngokungaphezulu ngokuthi kubekho neendwendwe ezivela kude ezize kubona lo mthi unebali kumzi wasemaMfengwini. Enkonzweni abafundisi ababekho bathe bancedisa kwezo nkonzo. Kwalile ngentsimbi ye-12 emini emaqanda yagaleleka iMantyi yesithili saseNgqushwa ize kwamkela intetho ebhaliweyo yokuthobela umbuso, yanikezelwa kuyo ngamagosa esikhumbuzo ingwevu kaBekwa nekaMarambana.*

Ndibone ndibanjwa ngengubo,
Kusithiwa ishumi nesithandathu sakwaMamaDuna sindulukile,
Isipani esibomvu semaz' emdaka yaseDaban,

Naso sibiyela loo venkile yakwaNyongwana,
Sisinga kuloo mthi wokuchithakala wosapho lokuchithakala,
Sesiman' ukuncwina siginy' umetyiso,
Nobaninz' ezikhotha iinkomo zikayise,
Ezilenca ngefosilara yembabala,
Ezihlalel' izikhababa kwezo drayi zoMqwashu.
Zide zabonakala nezikaKhawulela noNgwekazi,
AmaBhele agciniswa uMqwashu nguElefu;
Ubonakele nomkhosi kaMhlawuli noMatomela,
AmaHlubi aginya inkomo neempondo zayo;
Ngumzi kaNjokweni obusezinyembezini,
Lo Mqwashu awubanga mhle kumzi wamaZizi,
Kuba uVusa-isizwe ube yinkomo yedini,
Wakhawuleza ukuya kumaduna asel' ahamba;
Kambe wena kufa ulutshaba,
Awu! usiphanga neenkosi zethu sisazithanda.
Ithe imazi yakowethu, "Lixesha sinduluke."

Neendwendwe zifikile zivela kwiindawo ngeendawo,
Nakuthi yabubudididi sihlanganis' ezethu,
Kuba sasinemazi yakwaGompo,
Imaz' enyathel' umhlaba uhodoke,
Ube zizigodi ngezigodi,
Imazi yakwaXabenqina-lendlovu,
Kuba zibotshwe nemazi kaJojo,
Zingayitsal' ibhukuva ilayishile.
Zathontelana kwada kwangena noTyhefu,
NguMrwebo esimkhangele sada samncama.
Nebhaku laseNqwebebeni lide lafika,
Lagaleleka selidetyeza kakade,
UMsuthwana ejinxel' ezamisa ngephini.
Sithe kulapho sabona nomfundisi wamaZizi,
Into kaMlomzale efanelwe sisangota ngathi ngumLungu,
Umfundisi wamaMethodi ofanelwe sisisu sakhe.

Akabangakho okaZingithwa noTuku,
Kuba kusabambene ngezihlwitha noMrwebo;
Koko eli kroba livalwe ngokaLimekhaya,
Iranuga laseTinara ibhaku leNkongolo.

Namhlanje lalani ngenxeba lusapho lokuchithakala,
Kunyak' ophelileyo umthi wenu ndiwuqhawul' amagqabi
Ndawuthumela kwiinkalo ngeenkalo,
Ndithe ndikuNota ndabe ndiseSigoga,
Ndathi ndikuLudidi ndabe ndikumaMfengu aseGcuwa;
Ndithe ndikumaBhele kaJamangile eTsitsa,
Ndaphethuka ndaligibisela kuLangalibalele,
Ndakhweza nalo ukuya kuMenziwa,
Ndantyuntya njengenkwenkwana yenu,
Ndasisityambele ukuya kuMehlo-makhulu eHeshele.
Ndandibalek' imbalela yaseNgqushwa,
Eli gqabi lingomi lingabonwanga ngabantwana abahle,
Okanye lo mthi ungekabethwa nayimibane.
Isimanga oko ihlabathi ladalwayo,
Iindudumo ngamagqekregqekre,
Izigidi zemithi zome ngephanyazo,
Kunamhla loo mthi woyikwa nayimibane,
Nemibane iya wucezela loo mthi woMqwashu,
Ixel' umfazi womXhosa ecezel' inkundla,
Ibetha ngasentla, ibethe ngasezantsi;
Itshandule ngasekunene nangasekhohlo;
Usal' umthi woMqwashu umangalel' amaMfengu.
Umi kwelaa thafa ungundimangele.
Mthi mni na lo woyikwa nayimibane?
Mthi mni na lo uhlonelwe ziindudumo?
Mthi mni na lo ugqobha izilimela?
Makukhe kuhlanganiswe umzi kaNgangezwe,

Usibalisele ngesikhumba saseNoni,
Ngemihla kaVusani noHadi phezu komGwali.
Makuhlanganiswe usapho lukaNgqungqushe
luphela,
IQawuka neNyanda ngophondo lwendlovu.
Ezi nkundla zonke ndizinyathele,
Ndinyathele kuBhekizulu eNyandeni,
Ndafika eligosa leSekete ngokwentetho yama-
Wesile;
Ndinyathele kuJongilizwe kumaMpondo eQa-
wuka,
Ndafika elilungu leSinodi yaseMgwali.
Ndidlule ngaseLutateni kuWabana,
Ndifike evela emfuthweni eNxukhwebe
Umzukulwana kaMakhawula kumaBhaca.
Ndithe ribelele ndadlula eQamata kuDaliwonga,
Ndafika esithi yena akayiseli nembodlela,
Yena akanaso nesithembu ngenxa yesikhumba
saseNoni.
Hoyini lusapho lokuchithakala!
Ngazo ezi ntsuku mna ndihlamba kwiziziba ze-
Nxuba,
Ndishumayel' eGqora kumzukulwana kaMaqoma,
USeti inkosi yam egcinisiwe ingubo kaNtsikana.
Kaloku kuseGqora apho into kaGaba yangenwa
yinto khona,
Waman' ukuthi, "Le nto indingeneyo ithi maku-
thandazwe.'
Zithe iimazi zimombelela zaw' iingalo,
Zithe zimvumel' ingoma abeyithanda,
Azavuma ukuphakama iingalo zikaNtsikana,
Wada ingubo yakhe ebomvu wayihlamba apha
eGqora
Wathetha ngezinto eziza kuvela,
Wada wathetha nangoMqulu wezizwe neentlanga,
Kant' okwenene abantwana bakaFaku noMakha-
wula,

Baza kudlula eGqora bawele iNxuba ukuy' eRini,
Besiya kuthenga iliZwi ngophondo lwendlovu.
Kant' okwenene uHadi uza kuwel' iNxuba,
Edlula eGqora ukuya kubaThembu bakaNgangezwe,
Ebaphathele uMqulu wento kaGaba.
Hoyini lusapho lokuchithakala,
Thina lusapho lwaseMbo sibotshelelwe kwiinto ezintathu,
Umbuso, nemfundo, neLizwi sigcine ezo nto.
Khe sacetyiswa yenye indodana isilahla,
Yathi masibambe isondo libe linye,
Kule ngubo yoMqwashu ingubo yokhokho bethu,
Yathi masibambe isondo lemfundo kuphela.
Ngathi akunakulunga bantu bandlebe zimahola,
Lo Mqulu awulityalwanga zezinye iintlanga,
Njengoko siwenzile amabal' engwe ngezinye izizwe,
NoMqhayi de wafa eNtab' ozuko,
Esithi lo Mqulu ze ugcinwe ngumzi kaNtu.
Umbuso, nemfundo, neLizwi,
Ezi zinto ndithi mna zilungile,
Kodwa xa siyibambe ngasondo nye le ngubo,
Iya kumka nomoya sitshe ngamalanga,
Nezi mbalela ziya siranisa zidal' ixhala,
Ngathi le ngubo siyibambe ngasondo nye,
Ukungabambani sibe yimbumba yamanyama,
Kukuthi le ngubo siyibambe ngasondo nye;
Ukukrokrelana nokungathembani,
Kuthi le ngubo siyibambe ngasondo nye,
Ukungabagcini abafundisi sibabuke.
Kulo nyaka de ndadla nesiqhamo soMqwashu,
Ndifika sineencas' ezintathu,
Emnandi nemuncu, nekrakra,
Unjalo umthi woMqwashu zintlanga;
Ngoko andisayi kuthumel' amagqabi nonyaka,
Ndothumel' iziqhamo nizihlafune,

Nizivele ngokwenu ezi ncasa zintathu,
Buzani kuBekwa noMarambana bondixhasa.
Ndithi lo msebenzi masiwuqoshelise,
Le mini seyizisonga ingxamile,
NoLimekhaya uthi ilanga liyatshona.
Imini iyamshiya kukude eTinara;
Zibopheni iinqwelo zenu maMfengu nigoduke,
Kukude kakade emaZizini elwandle,
NoMlomzale sel' egodukile neloli yomLungu,
Godukani nithi uMrwebo noZingithwa sibalindele,
Godukani niye kuthetha noMrwebo,
Godukani niye kuthi makabuyis' intsimi yomfundisi,
Godukani nonke godukani.

Ncincilili!

## INGANGALALA IBEKWE ISITSHABA

*Kwiziganeko ezikhulu ezenzeke ngenyanga kaCanzibe ngowe-1927 yaba kukuthweswa ubukhosi beNganga yaseYork, engunyana wesibini woKumkani wamaNgesi. Ngayo loo mini wayeza kuthabatha isikhundla sobukumkani bamaNgesi. Malunga nokuqhutywa kwenkonzo yokubeka isitshaba asingeze sidle ixesha labalesi ngento eyaba ngundaba-mlonyeni; koko nje masiliqavise lona eli lokuba inkonzo leyo yayiphefumlelwa nguMoya kaThixo yada yaqwela ngokuthi iqhutywe phantsi kweempembelelo zobuKristu, nabona bantu bafumana imbeko yokubeka isitshaba zii-Atshibishopu zaseKantabari neyaseYork.*

Yivani mawaba eBritani,
Yivani zidwesha neengwevu ezintle,
Yivani midaka yeAfrika eseZantsi,
Yivani mathanga omzi omkhulu,

Ingangalala ithwesw' isitshaba,
Ngokwesiko elidala lobukhosi,
Ukuze iinkundla zingaphulani ngokuthetha;
Ziintshaba zodwa eziya kuqhekeka izifuba,
Zisenziwa kukungcol' okusezintliziyweni.
Loo mini zenzek' izimanga,
Umlambo iThemisi yahlehl' umva,
Wamana ukuvova wamana ukukhahlela,
Wamana ukunkqwila usithi, "Ngangalala enkulu!"
UJohn Masefield imbongi yakomkhulu,
Yayisithi iyabonga kanti iyavuma.
Yathi iyaanga kanti seyintlantlatha ngezinyo.
Ithe xa ibon' uCel' izapholo yathi likhwezi,
Yabe sel' iqangquluka isithi kuyasa.
Ithe xa kuphum' inyanga yathi lilanga,
Yabe seyikhonkotha ingasanyatheli nomhlaba.
Ithe xa abantu belele bubuthongo
Yathi yona bayanqwala zizibongo.
Laphum' ikhwezi ngokwesiko;
Lavela ilanga lihamba indlela yalo,
Yadanduluk' imbongi seyitsholoza,
Isithi namhla ikhwezi laphukelwe ngamaphiko,
Ilanga libethelelwe esibhakabhakeni,
Oko livelile alikhange liye kutshona,
Ide ingangalala ithweswe izimanga,
Loo mini kwenzeka izimanga,
Zabalek' inkungu zaya kutshona elwandle,
Zathetha njengabantu zisithi, "Inzwi!"
Nina milambo namaza olwandle,
Niyeke ukuvetshuza ngokomfazi onobukhwele.
Ewe, amaza abanje ngezidenge,
Aba zizimumu, aba zizithulu,
Alala ubuthongo athi tyum njengeentsana,
Xa izikhephe zamazwe ngamazwe,
Zazilayishe imikhosi ngemikhosi,
Ize kunika imbeko kule ngangalala.

Yavela imikhosi kwiinkalo ngeenkalo,
Zavuthelwa iingcingo kwiindawo ngeendawo,
Yahlonitshwa imimoya kwathiwa ziiwayalesi,
Kuba yagqabhuka yanemilomo njengabantu,
Yaba namehlo anje ngawokhozi,
Yayivuma ingoma njengentombi,
Yazishiya izikhephe ezifudula zisiza neendaba,
Kakade zinezothe izikhephe ngemini enje,
Kuba zithanda iindaba ngokwabafazi,
Ziyazila-zila ngokuncokola namaza nemimoya,
Nokuthanda amanzi ngokwenxila lotywala.
Bayifungisa bathi mayiphakamise intliziyo yayo,
Yavuma ixhelekile ngaphakathi,
Kodwa ndingasithwali ndedwa esi sitshaba,
Kuba sawa sapharaka kwezinye izizwe,
Njengoko sasinzima kuloo ntloko yayiyodwa.
Ndiyanimema ke bathandazeli,
Siphakamiseni isitshaba nina ngeVangeli.
Ndiyanimema baqulunqi bomthetho,
Siphakamiseni ngezandla ezimhlophe,
Niyamenywa zimfundi nezazi,
Gcinani ukukhanya kuhlale kuhleli,
Sondelani balimi ndinezwi nani,
Siphakamiseni izisu zizele ngumbona,
Nina bandingqongileyo masithwale kunye,
Ukuze le nto siyise konyana bethu,
Onyana baphathel' abazukulwana,
Abazukulwana iKomkhulu laphezulu.
Ke kaloku wena Tshambaleni,
UBodwini uzibeke phantsi iintonga.
Esithi ukuze umgcine umntan' omhle,
Nawe ngwevu yaseKantabari,
Ukuze wena ungahlukani namathongo,
Uzama-zamane naLowo ungabonwayo.
Uthi xa thina silele ubuthongo,
Wena uwavule amahlo uxele ilanga;
Uthi xa sironayo sisozela,

Wena ugixe inyembezi unesingqala;
Zithi xa iintshaba zakhe zimqalekisa,
Wena uwavule amehlo uxele ilanga;
Uthi xa bamphanga umnqamlezo wakhe,
Umqoqele ngomthandazo ude ulale ngeqolo.
Uthi xa bamfunela amaxhwele nosiyazi bemlahle-
kisa,
Wena umtofe ngegazi likaYesu.
Ngokuba izitshaba zalo mhlaba zinameva,
NoKristu bamthwesa ngameva kuqala,
Wagqibela ngesobuqaqawuli ngasekunene koYise.
Kaloku igazi likaYesu ngumhlabelo,
Liyazikhupha iintlungu emntwini,
Liyakubulala nokudumba,
Liyatshisa emeveni njengomlilo,
Lidlobisa njengethole,
Linika amaphiko njengentaka.
Balithwalisile iTshawe laseBritani,
Kwathiwa namhla nguKumkani,
Bade balinika negama elitsha,
Lokuba nguJoji wesiThandathu,
Kuba eya kusebenza imihla emithandathu,
Awenze wonke umsebenzi wakhe,
Aphumle ngomhla wesixhenxe,
Ewe ade aphumle nophumlo lokugqibela.
Bamthwesile ke, bamthwesile ke,
Bayithwesile ingangalala!
Makube njalo ke.

## UKUMKA KOMNYAKA WE-1941

Idlule indembelele ixhaphe yema ngendlebe
Ixhaphe igazi, nokufa, nezisongelo!
Yaqhashumba njengelitye emlilweni,
Yabhonga njengesilo xa iphuma umphefumlo,
Yajubalaza isenza izagwelo zokugqibela.

Igazi layo litsawule ladyobha abaninzi,
Incindi yalo ibiphithikezwe ngekhala nobushushu.

Lo mnyaka sikuwo ngoku sithethayo,
Yingwanzilili yento esikhumba silushica,
Kudubula izilimela ezilishumi elinambini!
Zigibisela ngeembokothwe ezilishumi elinambini,
Zinkumekil' iimbokothwe zangumgubo,
Zaluthuli lwezikrokro neentiywano ezintlangeni,
Yayimbubo nentshabalalo ebantwini.

NguHitila inkunzi enethatha yaseJamani,
Iphefumla ngeruluwa nesalfure.
NguTshetshili isil' esingaziwa mngxuma eBritani,
Koko siya kuhlala sihleli sinobom,
Kuba safuthwa ngesifutho sengwevu yaseKantabari!
Sagqibela ngokusela igazi laseKalvari.
Kuqubisene uThixo womlilo noThixo woMoya oyiNgcwele.

Baninzi abatshabaleleyo,
Abenzelwa zililo ngabafazi nabantwana.
Baninzi ababhubhileyo,
Ingakhange ingqukruleke imilowo nezalamane.
Baninzi abafihlwe ngumhlaba,
Engaviwanga amazwi abo okugqibela,
Bengasixelelanga nelona khaya baya kulo.

Kuthe xa kuqhuqhumb' isilimela sokugqibela,
Kwathi masicime amehlo sivale neendlebe,
Xa uSathana ahleli emafini njengentaka,

Ebukele ukuphalala kwegazi leentlanga,
Egigithek' ethi uyityumzile intliziyo yothando,
Makulal' ubumnyama kulawule ubukrakra.

Ethi nomDali wezulu nomhlaba undibalekile!
Nezikhali zoNyana wakhe ndizihluthile!
Igazi lakhe lingamanz' alingesizi lutho!
Nesitshixo samazulu silahlekile!
Liwil' iqhayiya nebhongo lomntu emhlabeni!
Wobalekela phi na umntu emhlabeni,
Iingcango zezulu zivaliwe nje?

USathana yena sisiyatha nesidenge,
Kuba akazazi iimfihlakalo zaphezulu.
Ngaphaya kwamafu kuthululwa igwele eli-
ncinane,
Ngathi kusondela ubukumkani bamazulu.
Ewe, lisaduduma liza kubuya lidlule,
Le nkungu isaboph' izizwe neentlanga,
Iza kudlula, iza kugabuka;
Ilizwe liqaqambe njengentsasa yehlobo,

Lide lixakathe iindyebo zalo njengemihla yase-
myezweni,
Uthululwe noMoya njengemihla yepentekoste.
Ayavakala amantlontlo okuza kweKhwezi
lokuSa
Ngathi iyomelela imitha yeLanga loxolo,
Kuba isondele inqwelo yoKumkani wobu-
Ngcwalisa.

## EZENKXOLA-ZWE

(*Ngomhla we-8 kuCanzibe ngowe-1945*)

Inzwi zidwesha nani zikhulu,
Inzwi bantwana begazi nani zinxiba-mxhaka,
Nali ilizwi livela phesheya kolwandle.

Wawuhlab' umkhosi umfazi phezu kweentaba,
Zema iingxangxasi zeThemisi zathi cwaka;
Olo lwandle lweBritani lwazola njengenkwe-
nkwezi,
Alwaba nazwi njengeNtab' eZiyoni.
Zaye izizwe zivungamelana zixel' izinja,
Zikhamiselana zifun' ukuqwengana;
Watheth' uTshambaleni, "Kolunga na singene
kule,
Kule mbonde-mbonde amahlath' aseBritani aka-
ntonga,
Kolunga na lusapho lukaVitoliya?"

Lavakala ilizwi livela kwiBhunga lamaNgesi,
Lacel' iinkokeli kuba iintonga ziza kwaphuka,
Ngokuba uTshambaleni yena lilunga lamalunga,
Kwakufunek' indodana egazi linomlilo!
Kungako wazithabathayo iintonga uTshetshili,
Esithi, ma-a-a-a-ndifung' uVitoliya"
Wazithi mpa-a-a izigqigqi ezinomlilo,
Imfakadolo neruluwa nesulfure,
Wathi namhla zihlangene iinto ekade zizondana.
Wawahlanganisa amabandla akowabo;
Lahloba igazi bathi "Konakele, konakele."
Uzithabathil' iintonga uTshetshili engenazwi la-
mlomo,
Waxokozela waxel' isikhukukazi sibizel' ama-
ntshontsho,
Wathi mho-o-o-o waxel' inkomo igxwal' emswa-
neni
Wagquma waxel' inkunzi inqik' iziduli,
Wavuthel' ixilongo nezithulu zavulek' iindlebe,
Izilima zaswabuluka zahamba ngezantya,
Lahloba igazi wanyikima wonke umhlaba.
Zaw' iimbumbulu phezu kweBritani njengesi-
phango.
Zaxhaxhaza zafun' ukwenza into yephanyazo!

Zacinyw' izibane kwasebusuku obungenanyanga,
Nenyanga yatshona emafini loo minyaka mithandathu!
Iinkwenkwezi zacima zisithi izizwe ziyakrazulana!
Latshek' ikhwezi lizam' ukulamla,
Wazil' umzi kaVitoliya njengofelweyo,
Zafik' iimbumbulu naseBhotwe zifun' abantwana begazi,
Zifun' esiqwini kuJoji wesiThandathu kanye,
Lemk' ilizwi laya kumathaanga eBritani;
Lemka ilizwi laya kwizihlobo zegazi,
Lada lafika nakwizizwe ezimdaka zaseAfrika,
Lisithi, "Konakele igazi liyaphalala phesheya komlambo"
Aziqubul' amadodana iintonga,
Aqul' agangatha esithi zibambene phi na?
Ukuze simaphule imbande simqhekeze ubuchopho!

Kwathi tyobo-tyobo-tyobo-tyobo,
Laphalal' igazi kwaziziziba,
Anyathelana amadodana ngobhontsi efuthelana,
Agilana ngezigaga nezifuba esongelana,
Ajuba anga abethwa ngumbane.
Kuthe xa kushushu yahlchl' impi kaPeteni,
Kwehl' ithinzi elimnyama phezu kwehlathi,
Ngaloo mhla waseDankeke umhla womgwebo;
Mhla abafazi baseBritani balila esimantshiyane,
Mhlana ingwevu yaseKantabari yangqukruleka,
Yangongoza kucango lwamazulu ngamandla kwanga kuyatsha,
Yambiza ngamandla uManuweli isithi makehle,
Akaboni na ilizwe litshabalala nje?
Yihla mlamli Tshawe loxolo,
Yihla kunyembelekile emhlabeni.

Hoyini amanzi angene endlwini!
Hoyini zemk' iinkomo magwala-ndini!
Zabuthana izizwe njengezulu lizongoma,
Zahlanganisana njengamanzi engena emlanjeni.
Laye iramncwa lingaqwengi lidlikidla!
Lisidla amathumbu nezibilini zezinye izizwe.
Wath'umntu namhla ngumgwebo nentshabalalo.
Wachopha phezu kwenduli uTshetshili,
Ewakhwaza amaduna akowabo,
Wayephapha njengokhozi olunomlilo,
Umzi kaPhalo wambolek' impundulu nothikoloshe,
Ukuze ambethe ebuchotsheni uHitila.
URusufeli wathetha nokrebe neminenga,
Wathi, "Zenibaginye behleli zilo zomlambo."
UStalin intong' engaxotyulwa xolo yaseRashiya,
Wabeth' emaqatheni wakhetha namadolo,
Lahlehl' iJamani lincwina njengomfaz' onenimba,
Lakhwina njengomntwana onephango.
Lisithi undigqibile undihlalele amalungu omzimba.
Ndisuke ndanencilikithi, noMosolin andimboni,
Nezizwe ezingecala lam zindishiyile,
Zithi ndinevumba nesihogo asindifanele,
Kodwa eyabancedani ze ilumkele imbubhiso.
Phakathi kwesityiki-tyiki nesixholo-xholo,
Zathi iinkulu-mibuso zaman' ukudedelana,
Baye abancedani bethandana njengelanga nenyanga,
Kuba ezo nkwenkwezi azizanga zahlabana,
Iintshaba zaqungquluza phambi kweenkanunu zabancedani,
Zififingwa zide zivume izoono zazo,
Ngesimbonono esiphezu kwehlabathi.
Sibone ngoRusifeli ebizwa zizithunywa zezulu,
Zamhlangabeza zimbambazelela,
Athi amaXhosa namhla inkomo yedini iwile,

Liza kuvuka ilizwe libe lise litshabalala.
Camagu makube hele, makube chosi.
Lithe lona izulu buya Rusifeliti kuza kulunga,
Buya ngokuhlala nabangcwele eParadesi.
Uthe xa aphantsi komhlaba,
Wanencilikithi uHitila egilwa sisidumbu sakhe,
Wafa icala wasisigogo sakwasigogo,
AmaXhosa amthumela amagqwira wanomkhondo,
Yanguqhusaka oGoringi noGobele,
Yangunam nawe uHimla noDololenja,
UMosolin' imbumbulu yadla esinqeni,
Wabaleka waya ezulwini wafika kuvaliwe,
Waya esihogweni wathi uSathana andizange ndone
Njengalo ndimbona efika phambi kwam namhlanje.

Iimbongi niya kuzixolela bantu bomhlaba
Into ethi xa iphosa intonga kanti iyibambe kakubi;
Andikhange ndibakhankanye abafundisi bokuthandazela umkhosi.
Andikhange ndiyikhankanye imidaka yakowethu,
OMadikiza noMsuthwana, noMayosi noKhumalo,
OTima nezamanye amabandla, awashiy' abafazi bentlinintlini,
Abashiya onina bengenakuthuthuzeleka.
Iimbongi niya kuzixolela bantu bomhlaba,
Yint' ethi xa yambath' ingubo kanti iyibambe ngesondo.
Andikhange ndibakhankanye oEsinewere,
OMakiata noAlizanda, iinto zona
Ezaziphethe izingqisho neehamile.
Iimbongi niya kuzixolela bantu bomhlaba
Ziinto ezithi xa kuthiwa makuyiwe,
Zisuke zibaleke ziye kuhlala ezintabeni,

Andikhange ndibakhankanye abantwana begazi,
Naphakathi kwemidaka yakowethu,
Abathe bona bazishiya iinkundla zabo,
Besithi baya kulungisa leyo yaphesheya.

Ndandiphakathi kweengxangxasi zomBhashe no-Mgwali,
Ndeva ilizwi liphuma kwiingqubusi zeGqili,
EzeGqili livela kwezeNayile,
INayile livela kwezeThemisi phesheya,
Lisithi namhla izikhali zibekwe phantsi ziintlanga.
Bekani izikhali mawaba eBritani,
Mazihle izibilini bafazi abanwele zinde,
Zolani midaka enoncumo yaseAfrika,
Le nto kakade siyibonile iza kudlula,
Iza kudlula njengokutsheka kwenkwenkwezi.
Namhla iKhwezi loxolo livelile.
Namhla iinkanunu zivalwe imilomo sisandla soxolo.
Mazihlambane iinduma izizwe phezu kwehlabathi,
Mazibambane ngezandla zonk' iintlanga,
Olunye ludle uluchwe lolunye,
Alikahlokomi lona ixilongo lokuphela,
Ayikafiki yona imini yengqungquthela.
Godukani madodana nifezile,
Godukani lon' ilizwe lakowenu libhuqekile,
Godukani kuthiwa noHitila ufile,
Godukani netyala lakhe liyathethwa nguMgwebi wabagwebi.
Alibanga sathethwa ziijaji zomhlaba,
Godukani akukho nto zinto zakowethu,
Kugqityiwe, kugqityiwe.

Makube njalo ke.

## ISIMBAMBAZELELO

*EzikaNjengele Smuts mhla walishiya eli phakade ngomhla we-11 kweyoMsintsi ngowe-1950.*

Sivakele isithonga sokuwa kwenjengele enkulu,
Kwanga kukudilika kwezulu,
Xa loo mthi mkhulu waphuka neengcambu,
Koko akashunquki amasebe,
Kuba ngumthi obunesixanduka ngezibhaxa,
Nezitholana azatshabalala ekuweni kwawo,
Kuba umntu lo yinto efa ibuye ivuke;
Bekuxa awela izilimela ezimashumi asibhozo.
Enkankathwa ngamalanga entlalo yeli lizwe,
Neembongi azingebi ziyaphosisa,
Xa zithi ufe eza kuba linyange kumaXhosa,
Kumawabo abe yindoda kumadoda.

Uthe lo mthi xa uqungquluzile,
Zemk' iingcingo ngokombane,
Zaliphamba lonk' elimiweyo,
Ukuya kumathaanga ngamathaanga,
Neziphaluka ngeziphaluka,
Zisithi iAfrika ilil' okomfazi,
Yonakalelwe yinkanunu eyoyikwa ziintlanga,
Alil' amagwangqa, yangqukruleka imidaka.

Hashendini elihla libeth' isikhababa,
Ngokuthunywa yiNjengele yamazulu,
Ixela kweyiphi na imilambo le nkabi ukufa?
Udla kwawaphi na amathafa hashendini?
Eli hashe liza kukhwelwa nguwonke-wonke,
Alidinwa lisabetha isikhababa oko lasibetha,
Lada ngoku lakhwelwa nguSimati sisamthanda,
Laqhuqha naye ukuya kumDali wakhe.
Zithe xa iingcingo ziwela imilambo neelwandle,
Zibik' ilifu eliseAfrika, neengcamango zethu zawa,

Zemka zaya kogxa bakhe abakwizwe liphela,
NoTshetshili ibhaku laseNgilani
Laba nencilikithi kwanga kucim' izibane,
Linqandwe yingwevu yaseKantabari,
Efun' ukufunza imikhosi yakowabo,
Ayifunze kuGabriyeli ngokwakhe,
Ngokumhlutha intonga yakhe yasekunene,
UNtshebe igora lentaba yokhala.

Ziyekeni iimbongi zityekeze,
Nokuba umhlophe nokuba umdaka-mfusa,
Ziyekeni zivuthulul' izigodlo,
Ziyekeni zikhwele phezu kweentaba neenduli,
Lowo ngumthetho zawunikwa ngumxonxi-
mithetho,
Zibikel' uhlanga iinto eziza kuvela neziman'
ukuvela.
Ziyekeni zikhonye nehlobo lithwasile,
Ngokwenene iAfrika yonakalelwe.

Kuhamba igora elaliphatha izigqigqi nodini,
Ubeyibetha intonga utshaba aluhlalele amadolo
namaqatha,
Mbuzeni ngeyamaBhulu namaNgesi,
Mbuzeni ngentlekele kaKayiza kumaJamani.
Mbuzeni ngeemini zembokothwe zamaJamani.
Yinkonjane eman' ukuphapha iwel' iilwandle,
Xeshikweni izizwe zaphesheya zixokozela
zifuthelana,
Atsibe ngephanyazo ukuya kuxonx' uxolo,
Kubuye kulunge kuthi yabalala;
Abuyele kwilizwe lokuzalwa loMzantsi-Afrika.
Ngeemini zakhe zokugqibela kweli lizwe,
Ubengasahambi neminenga neentlanzi,
Ubebhabha phezulu njengentaka,
Kuba izinto bezise zikhawuleza ngokombane,
Kuba nexilongo loza livele ngaphezulu,

Ukuza kuqoshelisa nokuqukumbela.
Ibiligora elibe likwaz' ukuqula lide lilugangathe,
Ade afunge unina nodade boyise,
Kanti ubebalasele njengelanga kumaziko emfu-
ndo,
Amaxesha ngamaxesha enxitywa imixhaka
nezidabane,
Ebethwa ngodini efokothweni kusithiwa yithi,
"Ndiyindoda,".
Avume naye athi "Ndiyindoda."
Ade anikwe imbeko yokuba ngumbaseli nekha-
nkatha
Lamaziko emfundo ede yasezinkwenkwezini.

Ubeyithanda indalo njengomDali wakhe,
Aqolozele anyuse intaba njengoroqotyeni,
Athi ngcu phezu kweliwa njengembila,
Abhubhuzele axele inyosi izingel' incindi,
Phakathi kwezityalo neentyatyambo.
Kwezi mini izityalo neenyosi zisembizweni,
Uyephi na uNtshebe obesihambela kwezi ntaba?
Zibuzana zodwa kuba kufumane kwathi xum
kwasizungu

Ufe engabuzuzanga ubuRuluneli nobuGwebi,
Kuba ubenguRulumente yena ngokwakhe.
Ingwevu ebithetha kutshanduke kunge kudlula
umbane,
Kungamili nto sicacelwe nesidenge.
Amalanga ade amabini kubomi bale ngwevu,
Kusithiwa mayifunge imis' isibhozo ixel'
umXhosa,
Yathi nayo maaa! ndinyanisile.
Yala xa yayinikwa amagunya obunkulu-mbuso,
Yena noTsaletoro ibingamaphuthi amahlathi
ngamahlathi,
Begqebhana kucace kuqubisene izinto zizondana.

Asinakuvus' amanxeba luze usapho lusale luhlabana.
Wagonywa ngamaxhwele akowabo,
Wathwaliswa indwe wanikwa amakhaka namakhawu,
Naxa sel' eyinkanyavu engenamazinyo.
Ezo zaziziimini ezinzima zamaJamani namaTaliyane,
Ekuthe ngeso sixholo-xholo wabizwa ngephanyazo uRusifele,
Eya kuhlanganisa imikhosi yakuloGabriyeli,
Ize kulamla imbonde-mbonde esemhlabeni.
Sekuntsuku wenyukayo uRusifele,
Kubonakele ukuba makathunyelwe uNtshebe,
Izizwe zingekahlabani ngengcola nodini,
Kwashiywa uTshetshili ibhaku likaJoji wesi-Thandathu,
Ahlanganise imikhosi yasemhlabeni,
Eli xa uNtshebe ahlanganisa eyaphezulu,
Kufuneka kuyiwe ngesiqu ezulwini,
Kuba igazi eliza kuphalala yimijelo nemilambo.

Tyaphile esi sithonga sihle sel' ahamba uHofmeya,
Ubeya kujuba afe isithukuthuku,
Leyo ibiyincekana nesiphatha-ngxowa sakhe,
Iponi ebikholwe iyimvuze-mvuze,
Ithambile ifana nomntwana wamazulu,
Yiloo nto ithe nje le poni yamandulela uNtshebe,
Njengomntu othambileyo ongaphethe krele.
Zezivulwe iingcango uyeza uNtshebe ngeyo-Msintsi,
Kuba lo mhlaba unzima nakumadoda,
Ufuna abazikhumba zinje ngezenyathi,
Ngukade bemhleba bemtyakatya,
Uzikhali zasinya zashunqu-shunquka,
Alampompoza negazi kuba kudala lamphelela,

Umakhakalala nembambalala kade beyiqo-
ngqotha.

Yiyo le nto sithi thuthuzelekani bantu,
Le ngwevu isathe gxada kumcimbi wezizwe,
Isatsibe kuloGabriyeli kanye,
Ungekagugiswa lo mhlaba ziinkanunu zika-
Mabhovu,
Ungekabhukuqeki ubhekis' amanqina phezulu,
Wohla nemikhosi yamazulu okanye nexilongo
lokugqibela,
Masingalili xa nje asaza kubuya,
Thuthuzelekani zitsho iimbongi zezizwe ngezizwe.
Atsho namadodana amana ukukhonyel' iinkosana,
Thuthuzelekani atsho namathambo eNtab' ozuko

Sithi ngxe Makhulu,
Ngxe ntombi endingayaziyo nesiduko,
Uwavile amagubu namaxilongo,
Uluvile uhadi xa lucand' isibhakabhaka,
InguReyineke ngasekhohlo,
NguWebu ngasekunene,
Bephahl' ixhego lakho belisa emazulwini,
Nenyambalala yesihlwele esingenakubalwa,
Yeelwimi neentlanga zoMzantsi-Afrika,
Besenza imbeko yokugqibela kwinkosi yakwakho,
Bemlilela besophela kumntwana webhongo labo,
Sithi ngxe kuni bantu abahle boMzantsi-Afrika.
Ziyalila zonke izizwe nazo zonke iilwimi,
Ngxe kwakhona, ngxe Makhulu.

## APHO E-GOLGOTA

Inzwi! mhlaba nani bantu!
Khenaluva na olu daba luvel' eKalvari?
Kuthiwa bayilimazile iNdanga-ndanga,

Ingqanga enkulu uManga angalanywa,
Indlov' enephango edla igoduka,
Beziye phi n' iingwevu zakwaPhalo?
Nali nelanga limi phezu kweNtaba kaNdoda!
Libik' elo gazi eliyimikrozo!
Aphi n' amaduna amahle alo mzi?
Iintonga zisaphuka nje eGolgota!

Ihambile iMvana yamaZulu,
Iphahlwe zizinto zakowayo zontathu,
Ukuya kungena kweso sitiya saseGetsemane,
Beya kugawula iintonga zomnqayi womnqayi,
Iintonga ezingaxobuki xolo,
Ngokuba ziza kwaphuka iintonga eGolgota.
Kuthe xa uJudas apheth' amakrele,
Ehamba nenyaka-nyaka yamangini-ngini,
IMvan' exoz' iintonga zayo ngamandla ezulu.
Ngokuba ziza kwaphuka iintonga eGolgota.

Bade iMvana bayibamba bayaanga,
Besithi bayifunx' igazi namandla;
Kanti ababuzanga kuYise wamazulu;
Ngokwenene ziza kwaphuka iintonga eGolgota.
Bambambile bammisa enkundleni yamatyala,
Wema bhuxe njengeNtaba yeZiyone.

Abagwebi bawaphul' umthetho bawushunqu-
shunqula,
Zaxoka zaboph' amabande,
Bamtyakatya phofu engenasizathu,
Yaxakeka inkundla yayilahla inyaniso,
Yabhadula yaxela amanzi olwandle,
Wabil' amathontsi uPilato esesihlalweni,
Lwagongqoz' uvalo kwanga kuyaduduma,
Wabefuz' ejongene neKhwezi lomSo
Wacel' amanzi antywile njengedada,
Kuba uqubisene noMgwebi wabagwebi.

Waxakeka waxel' izulu libaneka!
Wazula waxel' imaz' enkomo izuza.

Lada lathethwa ilizwi likhohlakele,
Mbetheleni, mbetheleni!
Bambethelela njengesikhumba esingenabomi,
Bamxhoma phakathi kwezihange,
Bamjingisa njengempahl' engenamnininiyo,
Wathi cwaka waxel' inkwenkwezi,
Zankqangaz' izithunywa zomTyholi,
Zaxhentsa zada zaphuka nembande!
Zamhlab' egazini, zamhlab' emphefumlweni!
Wada wadubula izithong' ezisixhenxe,
Intlokoma yazalis' iimbombo zone zomhlaba,
Khon' apho emnqamlezweni,
Nebhada lababambelel' etshobeni,
Lenyus' iZiyone ukuya kungena eParadesi.

Kambe nali ilizwi lihlaba njengesilanda,
Bathi kuloo nduli yokakayi,
Bamhlabil' umNtwan' omhle wamaZulu,
Wada nomhlaba wavuthulula,
Ushenxis' eli hlazo nesikizi,
Waxuxuzela waguga njengebhayi,
Lahlulelana ikhuselo labangcwele,
Kuba belingento kakade,
Akhamis' amangcwaba sesi simanga,
Lacim' ilanga lamfumfutheka njengemfama!
Linencilikithi layilahl' indlela yomDali walo!
Ewe, yahlokom' iNtaba yeBashan,
Watsawul' umbethe naseHermone,
Yathi iNebo uMosesi akafile uhleli,
Yabonga nentaba kaNdoda kumaXhosa,
Neentaka zayek' ukuxokozela kwihlathi likaHoho.
Zema neengxangxasi zeGqili!
Ziphulaphula ezi zithonga zoxolo,
Imilambo yahlehl' umva,

Yathi ayingeni elwandle lunengxolo,
Lunemikhhwa yabaFarasi nabaBhali,
Thina milambo sisasinga eGolgota,
Ngokuba idubula inkanunu yoxolo,
Yabharumla kasixhenxe isithi "Kugqityiwe."

Khenazibona na ezaa mazi zinomkhitha?
Abafaz' abahlanjwa nguMoy' oyiNgcwele,
Abathe ilanga lisalele ubuthongo,
Babe becothoza ukuya endaweni elel' iNkosi,
Besithi, "Ngubani na oya kusiqengqela ilitye?"
Zacothoza ezi mazi zipheth' ubuqholo,
Zanyathela kuhle zaxel' ikhwezi,
Zazola zaxel' izulu nesibhakabhaka,
Zemk' inkumbulo zaya kungena eTroneni,
Zazamazamisa nezithunywa zezulu,
Zehl' iingelosi zingaphathanga zando,
Zehla zingaxhobanga ruluwa yampindezelo,
Zehla zashiy' isalfuri namalahle,
Kodwa zahlangabeza ngezwi lentuthuzelo,
"Akakho apha uvukile."

Ezelinen azanamathela emzimbeni wakhe,
Kuba yena wazixonxa ngokwakhe!
Amatywina akaba nakho ukumgcina phantsi
  komhlaba,
Ngokuba amandla eRoma anganeno kwawezulu.
Ilitye lamnik' imbeko lamdedela
Abaxel' abaSadusi bona babemsinekela,
Alal' amadindala tyum bubuthongo,
Esoyiswa zinyaniso zobungcwele bakhe;
Zahlokom' iintsimbi zezulu,
Ngaloo ntsasa lahlanganiswa izulu nomhlaba.
Nithini na ke lusapho lukaPhalo?

Nithini na midaka yeAfrika?
Lusapho olumazinyo amhlophe njengengqele.

Nithi iimbongi ezi zohlala zihleli na?
Zimana ziniteketisa njengeentsana,
Kodwa zaphukil' eGolgota,
Hoyini bamanz' angen' endlwini;
Yeyani na le miphand' apha ezikolweni?
Iintombi zenu zithi ngowani na lo 'mqolo wenamba'?
Nithi iimbong' ezi zohlala zihleli na;
Anivanga n' iintonga zaphukil' eGolgota?
Ziye ngaphi n' iimaz' ezingonyonga-nde?

Baye ngaphi n' abafaz' abangono ingangethambo?
Banyis' usapho lukaPhalo kumasi eVangeli?
Ziye phi n' iintombi zokuvuma?
Zichophe phezu kweNtaba kaNdoda,
Zenz' umntyangampo nompongampo,
Zijong' eKalavari kuYesu Kristu,
Kuba iintonga zaphukile eGolgota.
Makube njalo ke.

## IMVULA

Ajijithek' amafu anga atyiwa zinyosi,
Aphaphatheka anga akanangqondo.
Yakhohlel' inkunz' engadli yeza,
Ichininik' amafutha ngokomxoxozi.
Nas' isil' esikhalimela neentuli zingavuki,
Esibeth' iqungquluze imikhoba yamahlathi.

Itshaw' eligabul' izigcawu ngendudumo,
Lihlwahlwaze livakalis' olwal' udumo.
Ngamagqekre-gqekre umhlab' ucandeke,
Ukhedame, namangcwab' avuleke.
Zibonakale iidemoni zingcangcazela,
Litshayelele ngemibane kungabi nakunyamezeleka.

Yihla phezu komhlab' uxhaxhaza,
Yiz' uhlahlambe maz' enokuxhentsa;
Id' itsholoze nendubule ezintlanjeni,
Izol' ingonyama ezindadeni.
Uhlininik' umhlaba kumpompoz' imithombo,
Zibhodl' izadunge zibe ngumbolo-bholo.

Lwavel' utyani luphakamis' iingalo,
Iintliziyo zaphuphuma ngumbulelo noxolo.
Zazol' iziziba ngokwezulu,
Yazifihl' ingwenya kwezo nzulu.
Zadubul' iintyatyambo ezintilini,
Savakala isiqholo esimnandi emhlabeni.
Umphinda-ndlela ngokomfazi womXhosa,
Baphi na kaloku onogumbe boNowa?
Yini ukuba ungawuzalisi umhlaba?
Le nto ungazigugisiyo neentaba?
Ulonyathel' umhlaba ubuyele esibhakabhakeni!
Ungxabalazeleni indod' enesithembu.
Nang' umnyama usixelela,
Kaloku ungalibali ukusivelela.
Njengoko imizuzu yakho isongiwe,
NguLowo wayekudalile.
Siya kuthini na siya kuraxwa nje ziintuli?
Ubuye uze kubulala amavumba okufa phantsi
kweenduli.

## ISITIYA SEMIFUNO

Zaphakamis' iindlebe iintaba,
Zazol' iingqubusi njengeziziba,
Ngenxa yompongampo ovela ezityalweni;

Lahlokom' ixilongo emhlabeni,
Lathi, "Yini na iindlebe zibe buthuntu bantu?"
Aniboni na ukuchwayita kwezityalo?
Zizele yimpilo, zizele bubom.

Azikhange zathi khefu nosuku olunye,
Zaman' ukuwuphethu-phethula umhlaba,
Ziwovuya ziwubinza ngeengcambu,
Ziwujika-jika ziwumfimfitha amanqatha.

Izihlunu zomhlaba zajika zayimifuno,
Zaluhlaza njengobulembu bamanzi,
Zathi thaphu-thaphu zikhahlel' elizweni,
Zathi, "Nathi sifun' indawo kweli lizwe lobunzima."

Zanikwa igama elikhulu,
NgumDali wamaZulu nomhlaba,
Waziphehlelela egameni lomntu nelodumo lwakhe,
Okokuba ziya kuba ngumyezo wedinga.

Khumbulani imihla yase-Eden,
Khumbulani amaxesha amadinga,
Khumbulani omakhulu,
Ningalahlekiswa yinyoka ubuvila.

Yinyok' enobuhlungu obungenayeza,
Iya kukhangela ngeso ungcungcutheke,
Udlek' inyama ngokwentsimbi idliwa ngumhlwa,
Uwohlok' ude uphume umphefumlo.

Anazi na ukuba umntu yint' enetshoba ngokwenkomo?
Anazi na ukuba umntu yint' enophuphu ngokwehashe?
Anazi na ukuba umntu yint' enoboya ngokwegusha?
Anazi na ukuba le nto umntu itya utyani ngokwesilo?

Liphi na ke itswele uze kunqanda unkonkonko?
Uphi na umnqathe umntu aman' ukuqumza?
Iphi na itomata aza kuman' ukutyhifiza?
Kuba ithumbu asiyiyo nento ubunkenenkene.

Khawubeke indlebe wen' uhamba ngendlela,
Lent' umhlaba idalwe ngokukodwa,
Awunje ngayo injalaba,
Yona nto iman' ukuswabuluka.

Khawubek' indlebe wen' uhamba ngendlela.
Kwathiwani na kuAdam noEfa mhla bavela?
Kwathiwa mabande njengentlabathi,
Bazalis' ilizwe neencam zalo.

Khawuthi nqumama ukhe ukhumbule,
Elaa zwi lathi umntu uya kubil' isithuku-thuku,
Egoma-gomana nomhlaba imihla nezolo,
Esukelwa liphango nayindlala.

Vuyani nina badala nabakhulu,
Nants' igolide engatshiswa mlilo,
Nants' igolide engalayishwa ngolovane,
Nants' igolide engagxothel' onyana emigodini.

Namhla amadoda aya konwaba neentsapho,
Ahloneleke phakathi kwezizwe zasemzini.
Izithethe namasiko amaXhosa aya kuhlal' ehleli,
Amakhaya afudumale njengomlilo.

Khenaziva na izint' ezi bafazi?
Ningabantu beendaba nje anikaziva n' ezi zinto?
Ath' amadoda enu akazinkabi zamahashe,
Zona ziman' ukunqunquth' iinkozo!

Yekani ijiki* maMpondo,
Utywala abunifanele mzi kaPhalo,
Iintombi zasesikolweni zaphuk' izihlahla ngu-
ngoyi,*
Akusekho ndlela na, akusekho cebo na?

Ha-wu . . . hawu . . . . . . . . hawu!
Yatsho inja emthendevu,
Indoda yekhaya engalali buthongo,
Esikhumbuza ngezinto ezihamba phakathi komzi.

Nkqo! Nkqo! Nkqo!
Watsho umhambi wendlela.
Wagungqa umolokazana wanencilikithi,
Wasitsho isikhalo esithi kunzima ukwenda.

Yoo! bantu nguNcutshe kanye,
Uya kuthiwani na lo mLungu umnyama?
Owasekhaya apha umyezo ngowecuba.
Akukho khaphetshu ngaphandle kwesiswenye
sombona.

Kwahlwa emini kwiinkabi zegusha,
Kuba ekhaya apha umnqanantsi ligazi lazo.
Zathi mhe . . . hayi umntu omnyama,
Yiza mfundisi wolimo umtyhil' ubuchopho.

Hayi abafazi bamaXhosa,
Abanyis' ithole lide liphume iimpondo,
Lithobe ngenembe noko inomtshetsha,
Zinqunquth' iinkozo nokuba zinezisini.

Wena thenipi noko ngathi uyakrakra,
Usathandwa ngamaxhego,
Athi uwakhumbuza utshongo* lwendlela,
Uwakhumbuze iimini zobusi nobisi.

---

*Ijiki butywala ngentetho yesiMpondo.
*Ungoyi ngumbona olukhuni obomvu.

Wena kholiflawa iintombi zethu uyazihilizisa,
Zilibele ukuba kufuneka ziye kumunca konina.
Zithe kuba zityebe njengeenkabi zeenkomo
Zoyiswa yindlela enkone esinga kwasikhwebu.

Kuba le nt' inqatha inzima,
Iyalana nelanga lehlobo,
Iyanyibilika yimbandezelo,
Iyonakala ingondliwa ngemifuno.

Le nto ingumfuno ilungile kanye,
Le nto ingumfuno nguwele nomnga,
Umthi obuxozwa ngamaXhosa kudala,
Umthi obuza uqhuba iinkomo ekhaya.

Kaloku ilizwe selingathi liqalekisiwe,
Imali seyibubona bukhosi,
Naxa isuzela ngokweenyosi,
Nemifuno ke iyadumbisa ngobutyebi.

Iya kunihlambulula negazi,
Ixhegwazana libe nezandundu ngokomtshakazi,
Ixhego liphum' imibhenqo ngokosana,
Isiqhwala sithand' ukutsiba ngokwetakane.

Izityhakala namayilo enkundla,
Arol' ubuchule bukaSolomon,
NeKomkhulu liye likhula emandleni
Ngenxa yengqondo entsha nobuchule obutsha.

Imiphefumlo ihlaziyek' emoyeni,
Kwande uthando nobudlelane,
Abantu bazaliswe yinyaniso nokholo,
Kuba abusekho ubuxoki bephango.

---

*Utshongo sukuba bekugcadwe umbona uze usilwe ube ngumgubo. Abesakuthi umhambi atye wona, ungumphako onika amandla.

NoMqulu kudala usithi yizani,
Nani manxila yivani,
UDaniyeli waphila yimifuno,
Wayibon' iwayini ikukufa nokungcola.

Aphela amadoda ayefuda emade ngangeentaba,
Iimazi ezinemihlana engangamathafa,
Iintombi ebe zinyathela ngezingqi ngokomoya,
Amadodana abenezihlunu ngokweentsana.

Nina ke madodana sininika umthetho omtsha,
Isitiya asiso sabafazi,
Kuba iingalo zagqitywa kukwanyisa iintsana,
Ingqondo yemka nokuthetha, kuba ngabantu
bomlomo.

Kwakhona madodana yivani okuthethwayo,
Izitiya asizizo zamaxhego,
Aya kuhlabana ngemihlakulo nereki,
Esithi zizikhali zeemfazwe zamaXhosa.

Obo bulongo behagu ningabucekisi,
Yiyona ncindi nencasa yomhlaba.
Ningasineki nakunyathela ubulongo benkuku,
Kuba bona buza nethamsanqa emzini.

Aniboni na ukuba isitya ngumfazi weenkomo?
Otshayela amadlavu namaniva ekhaya?
Aniboni na ukuba isitiya ngumfazi wekhazi?
Osula imikhunyu nezilonda ebantwaneni?

Lakulunga igazi ebantwaneni,
Iyaphela imfuxane nezigulo.
Lakuswabuluka igazi ebantwini,
Ziyaphela izinqe namahlaba.

Aniwaboni na amaxhwele?
Angenwe bubuxoki nobusela,
Atyhoboza ezingcingweni zabeLungu,
Embe iradishi athi liqwili.

Aniwaboni na amaxhwele?
Angenwe bubuvila bobudenge,
Ade aqalekiswe nangabantu,
Athatha amagqabi omnqathe athi ngumhlonyane!

Amadodana ayatshitshiliza ngokofudo,
Abopheke imilenze ngumtshetsha.
Makashwaqe iletisi axel' ibhokhwe,
Enze imbiza yerubhabhu amathumbu aswabuluke.

Makhe sibuye izithende,
Makhe sihlambane iinduma,
Kudala sibethana, kudala sityabulana,
Makhe sive okuthethwa ngumhlaba wazo.

Lupheph' ulwalwa nesixhobo,
Kuba imbewu iya kucholwa ziintaka zezulu.
Yigec' imithana enameva,
Hleze izityalo zakho ziminxwe zingabi nakuphila.

Ungalichukumisi igxobho,
Amadoda amaninzi abhabhile
Kulo mgxobhozo kaThisayo,
Apho kukho ubulembu namasele nononkala,
Abajamele izityalo zakho baqhaqhazele yingqele.

Ukuze uyibaleke intlabathi,
Asiyiyo nento ukuba nempoxo,
Iya kuze ikushiy' enyanyeni mhla ngezikhukula,
Ikugwaze ngeentolo zelanga mhla libaleleyo.

Khangela umhlaba onzulu ngokweziziba,
Uze ukwazi ukuntywila mhla ngembalela,
Uz' ukwazi ukubheka ezantsi ngokwenkwili,
Mhlana undlala akufuna ngamazinyo.

Uhle ungabetheki ngebunzi etyeni,
Uhle ungaraxwa ngamanzi usantywila,
Uhle ungayotywa naziityuwa ekuhleni,
Kuba nomhlaba lo unamaramncwa alumayo.

Ukuze uzeke intombi emnyama,
Luhlanga olo olunomkhitha noncumo.
Igwangqakazi nokuba alinakhazi ungalizeki,
Lakha labaqhomf' abantwana ngelanga likaQilo.

Amageduka namathambek' anengozi,
Lilizwe leenkawu neemfene elo.
Iintili nazo ziyanqeneka,
Ngenxa yengwevu endala ungqele umfo onochuku.

Iindawo ezinelanga lempuma nentshona zilungile,
Ukuze ungadutyulwa ziintshaba eziza ngamathinzi,
Iindawo ezimnyama kakade zikukufa,
Lilifu elimnyama elikhedamisayo nasebantwini.

Umhlab' oleleyo nguwona-wona,
Sekutshiwo mazityenenezwe iindaw' ezibugqagala,
Amaty' asisikhubekiso adediswe endleleni,
Kodwa umhlaba ungabi sisibhene hleze ube nesilonda.

Kukho amaxesha okubhadu-bhadula ngokwexhama,
Ufun' umthombo apho ungasela khona;
Isitiya ungasihluphi sibe kude namanzi,
Kuba sona asinamilenze njengenyamakazi.

Ukuze ulumkele umoya waseNtla,
Uza nezitshetshe ezichith' izityalo zakho,
Zibe ngamadlavu ngokwenxila,
Zifamzele ngokweemfama.

Goqa uxel' inkwenkwe yomXhosa,
Uhlanganise ngepayini nesayipisi,*
Ziintong' ezibheka ezantsi zingakuhlab' eluvalweni,
Iibhokhwe neegusha uzibethe ngoswazi lomnatha;

Zihlale ke izityalo zakho ngokonwaba,
Zifunx' incindi esemhlabeni,
Zingarunuzwa iingalo, zaphulwe iintonga zazo,
Kodwa ziye zikhula emandleni imiso ngemiso.

Ungawuphathi* umhlaba useludaka,
Udla ngokulil' iinyembezi ziintlungu,
Unximze ngokomfazi ongenasimilo,
Umhla waxola wome ube liqilima.

Nakanjalo ungawunqwabululi womile,
Yint' ephum' izinkempe ngezinkempe,
Sewuyimfazwe, sewuqumbile,
Ngezo zikhalo ufunxe nelo thontsana belisele;

Yenzeke ke intlekele,
Int' engenamoya ayikwazi kuphicotha;
Int' engenamanzi ayinabom,
Imelwe kukulahlelwa phandle.

Hamba mhlwayeli uyabizwa ngumhlaba,
Kodwa ungezi nembewu enezilo kuba izal' izilo.
Imbewu endala ayiphumi kuba ayinamazinyo,
Imbewu elungileyo iya kuwufeza umsebenzi kayise.

---

*Imithi elungele ukutyalwa ukwenzela ukukhusela izityalo.
*Kufuneka ulazi ixesha elilungele ukuphethu-phethulwa komhlaba.

Ungahlanganisi eluthangweni lwakho,
Amathole eminye imizi,*
Kuba adla ngokuba nokhwekhwe,
Into leyo eya kutsho ubole umzi bhutyu.

Fak'* amathole ngamathole,
Amunce imibele ngemibele.
Akulungi itapile limunce kude kuphume igazi,
Iya kuhlaba le mazi iliqhekez' ubuchopho ithole.

Senga kwedini ukuphuma nokutshona kwalo,
Iinkunzi mazingahlukani neemazi,
Mayichininike imvaba phezu kwamahlahla,
Ewe, makachithwe atyiwe nazizinja.

Lugwaz' ukhula luza ngomva ekhaya,
Lusisiqalekiso nesikhubekiso,
Alusikelelwanga naphezulu,
Nentliziyo eyenileyo ayisayi kumbona uManyu-
weli.

Amanzi uwagalele ngendlela
Ungawaphosi ngathi uphos' ithambo enjeni,
Nkcenkceshela ngethunga lokunkcenkceshela,
Awe njengemvula abengath' anofefe.

Likho ixesha lokuhleka,
Likho nexesha lokulila,
Akho namaxesha okunkcenkceshela,
Ukuz' izityalo zikubulele ngentliziy' eshushu.

Kulungile ukuphuma kwelanga,
Umhlaba uhluthe kuba uza kulwa nelanga.
Kulungile ukutshona kwelanga,
Umhlaba uhlamb' iinduma ozikrazulwe ngumoya.

---

*Xa umhlaba sewusetyenziwe, sebenzisa imbewu elungileyo. Asibo-bulumko ukusebenzisa izityalo ezithengwe kwelinye ilizwe; zikholisa ukuba nezifo.
*Musa ukutyala isityalo esinye ndaweni nye njalo.

Indod' ongeze uyoyike ngubusika,
Asinguye nomntu ubugwala,
Nje ngoku iiyure zokuphila kwakhe zimfutshane,
Kwanele kusasa hleze izityalo zibe nosasa
malanga.

Umhlab' uyafana nesilonda,
Sona sithi ukuphila kwaso sivuk' ukhoko.
Siqhekeze ke ngereki,
Ukuze ukunyakama kuhlale kuhleli.

Aph' uza kubek' iqanda khona,
Fun' indawo ekhuselekileyo njengekewu,
Inqab' indlwana yakho njengeyentaka,
Angenzakal' amathole ukuvela kwawo.

Zenz' iziqendwana iindlwana zakho,
Zesikwaz' ukuteketisa amathole,
Zesikwaz' ukuwaphulula,
Zesikwaz' ukuwachuba amakhalane.

Xa sebuyihlanganisile ingca nomhlaba ngomlomo,
Ungawazalel' amaqanda nasezinkonkxeni,
Zilungile ziza kuman' ukufuduswa,
Xa ziswantsuliswa ziintshaba.

Watshize uxel' iinkowane,
Wakrozise uxel' umnyama;
Kodwa ungawangcwabi hleze angaqanduli,
Hleze angavuki emhlabeni ngemini yovuko.

Xa* ezi ntsana zileleyo.
Zambathise ngengubo zingemki nomoya:
Umoya asiyiyo nento ubukhwele,
Asiyiyo nento ukoyiswa kukuzibamba.

*Xa imbewu se ihlwayelwe bubulumko ukwandlala ingca ukwenzela ukuba kungabikho luqweqwe.

Ngomhla wesihlanu ukuze ungonwabi,
Ngakumbi uba kusehlotyeni,
Yityhile loo ngubo ngentsasa,
Ukhangele iintsizi azikawavuli na amehlo.

Zisakunqwabulula, zisakuthukulula,
Ungazivumeli zivele ngeentloko embalweni,
Ziya kukhula ngemiqala zifund' ukuhleba,
Zibulawe lilanga kuba alithandi maxoki.

Ilanga lisakuhlaba nengqele isakuluma,
Emin' emaqanda ixesha lezinto ezinkulu;
Zigqubuthele zixel' umtshakazi,
Woyeka mhla zomelela zawaz' amasiko elizwe.

Ukuze zingaxinani zinyathelane,
Ziya kumonelana zikhamane,
Phofu zizalana kodwa zona,
Kakade iintshaba zomntu ngabendlu yakhe.

Usana* lusikwa inkaba mhla lwavela,
Ukuze lulungelane nelizwe,
Waphungul' amagqabi xa utyalayo,
Izityalo, zingafunxwa igazi yimimoya.

Tyala mini lisibekeleyo,
Ilanga yinto ethanda iindaba,
Sisilongo-longo esithanda amanzi,
Lide liwunxuze nentwana elingene izityalo ngenxa
  yokurala.

Zigcine ngamanzi izityalo,
Zide zithi "Siphe loo manzi."
Esiya kuthi xa siselayo,
Singabuye size kusela apha."

---

*Amagqabi aya phungulwa xa sukuba umntu atyala izithole, akukhathaleki nokuba mahle kangakanani na. Loo nto iluncedo yenza ukuba izithole ezi zibambelele ngokukhawuleza emhlabeni.

Abatya imifuno baya kuguda njengethanga,
Baya kubhabha njengentlakohlaza.
Iimbelukazi ezimanzi andonga,
Baya kunikwa nengoma ukuba bachwayite.

Abantwana baya kuthanda amakhaya,
Banyise konina njengamathole,
Baya kuwaphalaza amasi benga yimilambo,
Abasayi koma ibele njengentaka.

Onyana abasayi kubhadula njengehagu,
Becholachola amaxhalanxa anokufa.
Abasayi kuzishiya iinkedama emakhaya,
Neemfama azisayi kubalilela.

Iintswazi namhla ziya kubaswa;
Neentong' azisayi kufunxa igazi lababafazi.
Iintloko zabo azisayi kuqhekezwa ngeziqwayi,
Kuba iingalo zamadoda ziya kuthamba ziipasinipi.

Amakhaya aya kuba njengezulu,
Imizi engcwele engenaziphithi-phithi,
Kungekho zidube-dube nezivube-vube,
Kuhleliwe ngoxolo omnye nomnye;

Ilizwe libe yintombazana,
Liluhlaza njengesibhakabhaka,
Ilizwe kakade logwetywa sisibhakabhaka.
Nezwi lokugqibela lovela esibhakabhakeni.

Abantu baya kuwuthanda umhlaba,
Abantu baya kuwubonga umhlaba,
Bengazincedi nakanjalo,
Besenziwa kukuchuma kwawo.

Umhlaba ubafunqule ngeengalo zawo,
Ubaange njengeentsana konina,

Ubanyise njengamathole,
Ubasikelele ubathamsanqele.

Abantu baya kuthandana njengamanzi
Baya kubukana njengeentaka.
Abayi kuhlaba ngokweenkomo,
Abayi kuhamba iintsali ngokwamathole eenyoka.

Baya kumana ukudanduluka nasezinzulwini
zobusuku
Baya kukhunga bephakamisa iintliziyo zabo,
Ewe, beziphalaza njengamanzi,
KuLowo ungumDali weento zonke;

Alinik' ukuchuma ilizwe lenu,
Uphuzi lukhuphe izishumi,
Itapile ikhuphe amagaqa angangembokothwe,
Umnqath' utsho ngesixabel' esingangobhobhosi.

Yenzani balimi sekuthethwe kwagqitywa,
Yenzani balimi izityalo zagqiba nomDali wazo.
Yizani nemihlakulo niphethul' umhlaba.
Yizani nantso indyebo ezitiyeni.

## ICANDELO LESIXHENXE

## IZIBONGO ZIKABISHOP JAMES LIMBA NGU-
## S. E. KRUNE MQHAYI

### AA! NGANGEGUNYA!

*"Silila nabalilayo,*
*Sihleka nabahlekayo;*
*Sivuya nabavuyayo,*
*Simnik' imbeko umntu wayo."*

1.

Umfo kaLimba nguSixhwaru!
Yimbalara yakwaMbona,
Sigoqongo sesizwe sikaPhalo;
Ngumbhal' obhala ngesokhohlo,
Ukuphambanis' iingqondo zabeLungu;
Ngumbhal' obhala ngesenxele,
Ukugodus' iingqondo zamaXhosa.
Izal' emini ibuye izale kwakuhlwa.
Eli chweba leQhagqiwa lisaza kuphum' izimanga,
Nisathetha ntoni na sezibonwa ngamehlo;
Dumani maLawundini nank' evela!
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

2.

Lamla mfo kaLimba izizwe zibambene ngawe!
Zixelelan' amanga nezigigaba;
Ungundaba ngaye baya shumayezana;
Kukho abakhonkothayo kukh' abateketayo;
Kukh' abatshefulayo, kukh' abaphumputhayo;
Lamla mbalasane yomzi kaTshayingwe;
Thole leenkunz' ezinkulu zamaMpandla.
Bath' abanye unamandl' esihogo;
Ke thina sibaphendula ngelizwi,
Sihogo sini na esiguqul' abahedeni?
Yehl' ingwe emthini maLawundini;
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

3.

Ndaza ndabon' isil' esinjombora!
Sinqunq' imilambo ngokweengqweqwe;
Sihlalel' amachweba siwafincile;
Silifincil' iNqweba neQhagqiwa;
Silifincil' iNxuba neXesi;
Silifincil' iQonce neNciba;
Sawufinc' umBhashe nomThatha.
Yekoko ukusinga kwelobugqi nobugqiliqhwa;
Sathi nanko nakubaThembu!
Qhawulani maMpondo namaMpondomise!
Ayephi na amaBhaca namaXesibe!
Yehl' emthini! Yehl' emthini maBandla!
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

4.

IThina neTsitsa likhothululwe;
Ichweba loMzimvubu litshethululwe;
Bath' uMzimvubu utshe neziziba;
Kuginywe neengwenya zabimbilizwa!
Yekoko ukukhonyel' ezakwaZulu!
Safik' ezakwaZulu zikhweny' imisila;
Sagqub' isilo esimpondo zingxaka-ngxaka,
Sathath' isiduli saphosa ngemva;
Wath' umntu sisilo sini na esi namhla?
Wath' omnye sisilo sikamhlola!
Sihle ngamandl' ezulu sez' ebantwini!
Nantso nantso mabandl' akomkhulu!
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

5.

Makhaba qamban' ingoma!
Niyivumise zintombi ngemihlali;
Bizani wonke umlisela nomthinjana;
Yithini okaLimba ulumbil' uhlanga;
Ufike ludityelelwe ngodaka;
Ngokwamaqula kaIsake noAbraham;
Ufikelwe yinkwenkwezi yokhanyiso;
Yeza ngethongo nephupha nombono;
Yee tshelu kokaOlifani waphanyaza;
Yee sithi kokaSixabayi watosha-tosha:
Ifike yamila kowakwaTshayingwe!
Dumani! Dumani! Dumani!
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

6.

Ziwil' iindunduma zaseRawutini;
Anisivanga n' isilo ngomgqumo?
Kuthiwa sigqume sada sambambazela.
Wath' osemgodini wabikel' ongaphezulu;
Wath' osemigodini imigodi iyadilika.
Wath' okwaMaboya wamemez' oseThwathwa!
Wath' oseThwathwa wabikel' okwaSathana!
OkwaSathana wabikel' okwaDukathole!
Yayintuntanja leyo engaphelanga ndawo.
Yangumrugwane ngumxokelelwano ongaqhawuke
phi!
Nanamhl' imigodi isaxenga-xenga.
Yehla yehl' ikat' emthini!
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

7.

Ndithi qamban' ingoma maAfrika!
Kuthiwa kambe ningumzi wengoma;
Id' ithini n' indoda kowayo apha,
Ukuze abongisele amahotyazana,
Ziqhekez' amawa iimbongi,
Zithelel' iimvaba ngeemvaba,
Angqumshele amangqubakazi,
Zingqukrulek' izikrwalaxu zakowayo!
Thoba nkwenkwezi sibambelele,
Kunye kade kuthiwa sinokwazi,
Kunye kade kuthiwa sinoMamlambo!
Sinnika! Sinnika Ngcukayithobi.
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

8.

Namhl' ilanga liphum' endlebeni yendlovu!
Laya latshona ndlebeni yangonyama!
Le ntak' impundulu inobugqiliqhwa,
Ibenzani na abafaz' bamany' amadoda?
Lo mhlambi iimpukane ukhohlakele,
Ubenzani na abafazi bamaphela?
Ndidl' imfe zambini kwaphum' ikhambi lalinye,
Lumka wahilwa Thikoloshe,
Usisangqingqana sodad' ethu,
Ndithi ke mna ngoko salamene,
Ndajongwa yimfama ngombane kwahlamb' intliziyo!
Mkhondo! Mkhondo! Mkhondo! Mnqwaz' emfene.
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

9.

Iyavuya indoda enenyheke!
Kuba yona ihleka ngenyama;
Iyavuya indod' enesifombo,
Kuba inelunda ngokwenkomo.
Ngakh' ube siqhwala ngeny' imini,
Sona sijekulayo xa sihambayo;
Andikubongi Mbona ndiyakufomba,
Noko ndakha ndazek' ityala emLungwini,
Ndabong' inkosana yaphum' ufundo,
Kwathiwa ubumzonda ntoni na umntwan' enkosi,
Ukumbong' ade asuke aphuk' umqolo,
Ade ashiy' isihlalo sakowabo sobukumkani?
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

## 10.

Taruni maBandl' onqulo lOphezulu!
Le vesi yeSabata siyijongile;
Siyijongile ivesi yasemlanjeni;
Sibamb' izithunzi zeent' ezisezayo,
Sibamb' int' ezayo lakufik' ixa layo.
Taruni mabandl' asigwebi namnye;
Sizamana nomqulu owathethwayo;
Siphengulul' umyolelo nomyalezo;
Siphengulul' ulimo nemfuyo;
Siphengulul' intlalo yamakhaya;
Siphengulul' imfundo nezimilo;
Yizani siphikisane sibonisane.
Nisikelelwe maAfrika bantu bam!

## 11.

Hamba nto kaLimba ungabheki ngasemva,
Gora elikhulu laseNazarete,
Vuthel' ixilongo njengomyalelo;
Khawulel' uKhawulezis' amaxesha!
IVili kaThix' ophezu konke;
Hamba likujongile izwe lakowenu!
Amanz' omFrate sel' efun' ukuyeka!
Vuthel' ixilongo uthunyiwe komkhulu!
Izizwe neentlanga mazilive;
Bayakholwa abantu besizwe sakowenu.
Ngweny' emehlo abomvu yakwaSirayeli,
Ebiz' izizwe ukuzithwesisa.
A! Ngangegunya! A! Ngangegunya!

12.

Yem' iCathedral yeBandla likaKristu;
ISinagogo yesizwe sikaNtu;
Ndlovu zabalek' zasinga elundini!
Bizani zibuye sisik' imixhaga.
Ngunxangalathile ongalo zindembelele;
Int' epheth' uphiliso ngamaphiko!
Int' ebiza bonk' onyana neentombi zeAfrika:
Ithi yizani nonke nizuz' ukuphila;
Niphile imizimba kwanemiphefumlo;
Xa nditshoyo ndinikhaphel' ebomini!
Hosana eNyangweni!
Makabongwe Lowo uzayo ngegama leNkosi.
Haleluya! Haleluya!
Makube njalo.
Nci! Nci! Ncincilili!!!

*Printed by Thanda Press, King William's Town*



31 JUL 1969